


Ukwenziwa Oonyana

Isiqendu III

 ...Neville. Bhotani, bafundi. Siyavuya ukuba lapha kwakhona ukuza kunibulisa kwakhona ngeGama elanele konke leNkosi uYesu. Sithemba ukuba nibe neveki emnandi yokudumisa neentsikelelo zaKhe.

² Ndingena kusanje, ndihlangene nenkwenkwe encinane phaya yaze yandinika umfanekiso omncinane wokuncathasilwa weNgelosi eyalusayo yaluse abantwana abancinane ababini. Kwaye bendingazi ukuba leyo ibiyeyakwaDaulton, inkwenkwe encinane yakwaDaulton.

³ Kwaye apha kwiveki ezimbalwa ezidlulileyo okanye kwezimbalwa...Malunga neveki ezimbini ezidlulileyo, kwakukho utata, utata woMkristu, owabuza malunga nentombi yakhe ekubudala obuphakathi engekabingoMkristu, ngeli thuba wayemi emcgeni wokuthandazelwa. Waze uMoya oyiNgcwele wathi, “Ndi—Ndikunikile umntwana wakho.” Kwaye yiyole kusanje, isindisiwe ibhaptizwe eGameni leNkosi uYesu, ihleli eqongeni, njengokuba uMoya oyiNgcwele watshoyo. Kwaye abanye abantwana bahleli apha jikelele. Ndiyaziukuba usapho lwakwaDaulton lonwabile.

⁴ 'Yabona inenekazi elincinane phaya abenza ukuba lithandazelwe usana kwiCawe ephelileyo, ecinga ukuba uyakufa. Ndiyabona ukuba lisenathi kusanje, kwaye siyavuya kakhulu ngenxa yaloo nto, dade. Babecinga ukuba lunesifo sesihlunu (dystrophy), lwabe lungenaso. Ngoko sinombulelo kakhulu.

⁵ Sibona zonke izihlobo zethu ezithandekayo. Ndiyakhumbula ukuba le ndoda yake yeza kum ngodliwano-ndlebe lwesikhawu e—eChatauqua ngathuba lithile, ndiyakholwa ukuba kwakulapho. Ndandikhe ndadla isidlo sakusasa nawe kunye nenkosikazi yakho nabantwana, ndiyakholwa...okanye nguwe nenkosikazi, okanye abantwana, ewe, nabo. [Kukho umzalwana othi, “EMiddletown.”—Mhl.] eMiddletown, e...Kodwa sonke... ndiyalilibala elo gama, ngoko ndizakubiza njengokuba yiChatauqua. Ewe, mhlekazi. Abaninzi babahlobo bam abalungileyo.

⁶ UMzalwana Charlie Cox noDade Nellie ngaphaya, ababehleli belelinye ikhaya kum, kodwa kungekho nto ningangabantwana abangabam. Ndiyehla ndiye apho, kulapho ndichitha khona ixesha lam elininzi lokuphumla, kuphaya ezantsi. Ungoyena mzingeli ukhoyo wonoomatse basemithini

eKentucky xa ndise-Indiana. Kwaye ngoko i-Indiana...aze uCharlie, ndiyakuxelela ndilangazelela ngenene, ndinqwena kakhulu ngokungathi ndingakhe ndibambe ezimbalwa ze (crappies) okanye (bass) ezinemigca ngaphambi kokuba ndiqale phaya ngaphakathi. Ndiziva ngenene ingathi ndingakhe ndimelane noninzi.

⁷ UMzalwana uParnell...Par...Arnett, ovela eLou...eMzantsi Carolina. Kunye noMzalwana...Ke, baninzi kakhulu abahlukileyo apha abavela kwindawo ezahlukileyo, abathe beza kusanje ukuza kusityelela.

⁸ Uyazi, asinabulungu buqhelekileyo apha. Sinobudlelane nje omnye nomnye, ngeli thuba iGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, lisihlambulula kuko konke ukungalungisi.

⁹ Ngoku, sinokufundisisa okumangalisayo, okuzukileyo nje. Kwaye sithe, okokwam ndiyaqonda nje ukuba ndi...ndiyalivuyela, kwaye ndiyazi ukuba ninonke niyalivuyela nani. Ndiyaqalisa ngamanye amaxesha imini yonke, ukuthetha ngalo okanye ukufunda ngalo, ndifumana malunga nesibini seevesi ndize ndiqalise kuso sonke iSibhalo ukuze, into yokuqala uyazi, ndifunde ukusukela kwiGenesis ukuya kwiSityhilelo, ndisaqhubeka.

¹⁰ Kwaye, uyazi, ndingathanda ukuthabatha ixesha apho ndinokuthi—ndinokuthi apho sinokuthi singene kwiNcwadi ya—yamaHebhere, size sithathe njenge...kulungile, xa ithuba lokuzingelwa konoomatse basemthini liingene, njengoSept...malunga no-Okt...u-August, uyazi, ndize ndiqhubeka ide ibe lithuba lokuya phesheya kolwandle, ubusuku ngabunye eNcwadini yamaHebhere, okanye iNcwadi ye-Eksodus. Indlela uThixo, i-Eksodus, ukhupha abantu baKhe eYiphutha, imfuduko! Umzekelo omhle wethu silungiselela imfuduko yethu. Injalo, owu, into entle kakhulu. ISibhalo siphela siyathungelana nje, kwaye siliBali elinye elikhulu.

¹¹ Ngoku, kusanje si—sisesaNcwadini ye...Besizakuthabatha izahluko ezithathu zokuqala ze—zeNcwadi yama-Efese. I-letter kaPawulos eya kuma-Efese e-Efese, ezama, ukulibeka ngokwendawo zalo ibandla. Kwaye singathi nje ngaphambi kokuba sisondele kuyo, sichithe nje omnye umzuzu okanye emibini emthandazweni, nje ngaphambi kokuba senze njalo.

¹² Owu Nkosi, Thixo wethu, siza eBusweni baKho ngoku, singafanelekanga sinjengokuba sinjalo, koko siyazi ukuba kukho iGazi leDini elilapho lilindle, lisihlambulula kuko konke ukungcola, lisiziza phambi koBawo, singenasiphako, singenabala. Kungekho nto esasinokuba nako ngayo ukukulingana oku. Kodwa ngokuba uYesu wasenzela oku, sithoba ngokuzithoba Phambi kwaKhe ngeGama laKhe, sicela ukuba Uthumele uMoya oyiNgewele kusanje phakathi

kwethu. Kwaye nanjengokuba ndingesosifundiswa sezakwalizwi okanye ndisazi ukuba simiswa njani na iSibhalo ngendlela, kodwa nje ngokuba nomdla nokuba nombulelo wokuva kukaMoya oyiNgcwele njengokuba Uhamba kubuntu bam, wanga Ungasisikelela sonke njengokuba sisafunda iLizwi laKho elibhaliweyo, ukuze Libe nokuba buBomi obunguNaphakade kuthi. Siphe oko, Bawo. Sikucela eGameni likaYesu nangenxa kaYesu. Amen.

¹³ Ngoku ndingathi apha, kuqala, ukuba kungenzeka nangaliphi na ixesha ndibe ndithethe into ekungenakuvunyelwana ngayo, ndingayibeki ngendlela nje, mhlawumbi ibe iphosakele ngenene kweyakho imfundiso, okanye into ongavumelaniyo nayo, ndithembela kuMoya oyiNgcwele, ukuba Uyakuyenza ukuba ivakale ibe mnandi kude kungabikho... Kungabikho sikhubekiso konke. 'Yabona? Ukuze i—ibe ngothando nobudlelane, kube yiloo nto eyiyo... Imiselwe ukuba ibe lolo hlobo.

¹⁴ Kwaye konke oku kuqala ngentshumayelo yeCawe ephelileyo, ndiyakholwa ibiyiyo, kwiCawe ephelileyo kusasa, ethi *UKumkani Owaliweyo*. Ingaba kukho umntu osele enalo elo khasethi? Ndiyacinga ukuba banawo, kwaye ningawafumana ukuba niyanqwena, *UKumkani Owaliweyo*.

¹⁵ Ngoku kwiintsuku ezimbalwa nje sizakuqalisa i—i phaya phezulu eMiddletown, e-Ohio. Sifuna bonke abane—abaneholide zabo ezibekelwe elo xesha ukuba baqiniseke ukuba bahlangana nathi apho, kuba silindele ukuba nethuba elimnandi lobudlelane eMiddletown, e-Ohio. UGqirha uSullivan nguye usihlalo, ndiyacinga, wekomiti. Kwaye kuyakubakho ubusuku obuthathu bayo, ndiyakube ndishumayela njenge—njengesithethi esilundwendwe kwiNgqungquthela yeZizwe kaNkonzo zonke webandla. Ukuze—Ukuze emva koko, ibe yinkonzo eyeyethu ukusukela ngoko. Sinayo imiselwe umhla weshumi elinesibini, kodwa phantsi kokuqonda ukuba sinokuqhubeka side sidlulele nakwenye iveki emva koko, kuxhomekeke nje kwindlela uMoya oyiNgcwele akhokela ngayo. Sonke sifuna ukukhokelwa nguMoya; kanye oko uMoya athi masikwenze, sikwenze ke ngokukhawuleza.

¹⁶ Kwaye masikhumbule xa sithobela uMoya, isifundo esikhulu esifuna ukusifunda, kukuba singaze singxame. 'Yabona, thabatha ixesha lakho, ube nokholo. Ukuba ucele uThixo nantoni na, khumbula uThixo uyawuphendula umthandazo. Oko ukwenza ngexesha laKhe, eyona ndlela ingcono, oko kwenza ukuba kusebenze ngokukuko kuthi. Kwaye ukuba oko akunjalo, ngoko ingaba senza ntoni apha kwasanje? Yintoni—yintoni esibanga uBukristu ngenxa yayo? UThixo... Ukuba eli asililo iLizwi likaThixo, ngoko Aliyiyo inyaniso, ngoko sifumaneka phakathi kwabantu sizezona ntsizana.

¹⁷ Ndivuya kakhulu ukuhlangana ngeentliziyo nabaninzi abalapha abaziyo ukuba Eli liLizwi likaThixo elingenakusilela. Ngoko Lona, Lona liliLizwi eliyiNyaniso, iLizwi lilonke laLo lokugqibela, isicatshulwa ngasinye saLo. Kwaye ngobabalo lukaThixo, njengokuba ndibe nelungelo lokubona ela Lizwe esiyakuthi ngenye imini siye kulo.

¹⁸ Izolo. Abantu abazi ukuba axina ingqondo njani na amaxesha olungiselelo olulolu hlobo. Bendixineke ingqondo ngenene, ndaze ndathi kwinkosikazi, “Ndinqwenela ukuba ndibe bendinokuqhubela phambili nje.”

Yathi, “Kutheni uthetha loo nto nje, Bill?”

Ndathi, “Owu, apha ndineenkathazo nezinto ezininzi.”

¹⁹ Kwaze kwakhangeleka ngathi uMoya oyiNgcwele uthe, “Uzama ukuzidlula ke? Ingaba, ingaba uzama ukuziphepha?” ’Yabona?

²⁰ “Hayi,” ndathi, “Mandime nje kanye ebusweni bazo zonke ndijongane nazo. ’Yabona, nje. . . ’Yabona?”

²¹ Kungcono kakhulu ke. Ngenene, ngenyaniso, ndikuthetha oku njengengqina elibonileyo, ukuba nje emva kokuba buphelile obu bomi, singena kwiLizwe elingaphaya kwayo nantoni na nabani na anokucinga ngayo. Kwaye ukuba kukho abazindwendwe apha, ndiyathemba ukuba anisayi kuthi. . . Ndithandaza uThixo ukuba ningandicingeli ukuba ndingoyibaxayo. Ndi—Ndifuna, ukuba nantoni na, imelwe kukuthi inyaniseke nokuba kuxelwe iNyaniso. Kwaye bekuya kuba luncedo luni kum ukuba ndixele into ephosakeleyo, ngeli thuba kukho okungaka—kukho okungaka okulapha okuyiNyaniso? Thina, kutheni ukuba sivume ukuthetha nantoni na ephosakeleyo ngayo? ’Yabona? IyiNyaniso nje.

²² Kwaye, akumangalisi, ndiyakholwa ukuba uPawulos wathathwa wenyselwa kwiZulu lesithathu, waza wabona izinto ekwakangavumelekanga kuye ukuba athethe ngazo. Kwaze ngenye imini wathi, “Iliso alibonanga, indlebe ayizivanga, okanye azizanga zingene nasentliziyweni yomntu, izinto uThixo anazo (ezigcinele) abo baMthandayo.”

²³ Owu, iyaphila nje. . . Siphila kwimfumba yezinto ezilahliweyo apha ezantsi, kunjalo, yimfumba yenkunkuma nje ezele u—umsi (smoldering) uphuma ekungcoleni. Kwe. . . nokuba eneneni thina asingcolisekanga nguwo okwethu, siphila kuko, apho umsi uphuma esonweni. Enye yezona zinto zigulisa kakhulu ndinokucinga ngazo, yindawo endala yokulahla inkunkuma yasesixekweni evuthayo. Wakhe wasondela kwenye yazo? Iyoyikeka, ivumba elingcolileyo lomsi linyuko kuyo yonke intlobo yokungcola. Kwaye—Kwaye ufumana ukuyiphefumla, isuke nje ikujike.

²⁴ Ndikhumbula kunyanzeleke ndihle eNew Albany, ezantsi kwi...phantsi kweSitalato seSibhozo, phaya kulaa ndawo yayikade iyindawo yokulahla inkunkuma endala, kwaye kwakufanele ndiyokuhlanganisa apho ezantsi phakathi ukuya kuthabatha amanani kwimeter. Ndayithiya nje imini ekwakuyiyo, kwindlela yeshumi elinesibhozo, xa kwakufanele ndiye kuzithabatha apho, ngokuba yayizakunuka elo vumba loyikekayo. Kube, kwakungqengqge apho imizimba yeempuku nezinja nayo yonke into, uyazi, ezazibolile naloo msi mdala unyuka uphuma kuzo.

²⁵ Ngoku, phofu, yiloo nto obu ubomi obuthelekiswa nayo, kokona kungcono kwakhe kwakho. Ukubola nje, isono sinuka sivela kuyo yonke indawo, njengokuba kwakunjalo, xa sithetha ngokomoya. Kodwa, owu, apho uvuthuza khona umoya ngokukhululekileyo, yonke into ithandeka iseluxolweni novuyo noBomi obunguNaphakade, apha ngaphesheya komlambo nje. Kodwa sisedabini, ngoko masingangqengqi nje sithi, "masingxame siyokufika ngaphaya," masizise wonke umntu kunye nathi esinako ukumzisa. Ewe.

²⁶ Kwaye ngoku injongo yezi zifundo kukumilisele abo sele beliwelile iLizwe. Injongo yesi sifundo, le Newadi yama-Efese, kukubeka ibandla ngendawo yalo apho limi khona ngokupheleleyo kuKristu. Ingumzekelo weTestamente eNdala neNcwadi Yoshuwa, apho uYoshuwa wathi wababela khona. KwiCawe ephelileyo besifumene, apho uYoshuwa wawaba khona umhlaba esabela indoda nganye. Kwaye wayenza loo nto ngempefumlelo.

²⁷ Indlela uMosisi awathi...wabazisa abantu ebakhupha eYiphutha, ikonofolo, ilike, baphuma, waze wawanika indawo apho uThixo wathembisa khona kumakhulu amane eminyaka emva koko...okanye kumakhulu amane eminyaka ngaphambi koko, ukuze Abazise kwindawo, kumhlaba olungileyo obaleka ubisi nobusi. Kwaye uMosisi wabakhokela abantwana bakaSirayeli ebase kumhlaba onguwo, kodwa akabawelisa.

²⁸ NoYesu, kwabomoya, abantu abayakuthi...sithenjiswe ngoMoya oyiNgwele ukusukela ekuqalekeni, uYesu wasikhokela wasinyusela kulo idinga. Kodwa uMoya oyiNgwele weza, njengoYoshuwa, ukuze asiwelise akhokele abonise nokuze awuthabathe umhlaba okanye alithabathele kuye ibandla. Sifumanisa, ngokwesiseko, ngoko, ukuba kokwethu...

²⁹ Ngoku naku apho, mhlawumbi, abantu basenokucinga ukuba ndikrwada ndaye ndizama ukungabi nantlonipho kubazalwana. Andinjalo! UThixo makabe nguMgwebi wam, andinjalo. 'Yabona? Ndizama nje kuphela ukukhomba into

ethile eyiNyaniso. 'Yabona? Sinyule iinkokeli zabantu, endaweni yokukhokelwa—yokukhela—yokukhokela kukaMoya oyiNgcwele. Sifune abantu ukuze basabele eyethu inxaxheba basikhokele, amahlelo anjengeWisile, iBhaptizi, iPresbhithari, iLuthere iBandla likaKristu, iPentekoste, namahlelo ahlukeneyo, athe enza umbutho njengomzekelo, kwaye silandela loo nto. Kodwa thina si. . .

³⁰ Akukho ndawo eBhayibhileni esixelelwa ukuba senze into enjalo khona. Akukho nesicatshulwa esinye seSibhalo, kuyo yonke iBhayibhile kaThixo, apho wakhe waqokelela khona ibandla okanye apho wakhe wathetha khona ngombutho, akukho nendawo enye eBhayibhileni. Kodwa isoloko ichasene nayo. Akafuni ukuba similise ngokwezinto zehlabathi. Ufuna ukuba sibe ngabangaqhelekanga, ababekelwe bucala.

³¹ Andithethi ngoku ukuba “sigeze,” njengokuba sikubiza oko. Ndithetha ukuba sibe ngabantu abakhutshiweyo, owu, isizwe esingcwele esisikelelekileyo siphile ubomi obungentla kwehlazo, sisenza, siziphethe kanye njengokuba Ebeyakwenza, esebenza kuthi, ngokuba singumsebenzi waKhe, sidalelwe kuKristu Yesu ukuze senze imisebenzi elungileyo.

³² Ngoku, ngokuhlwa ngoLwesithathu, abaninzi kuni bebengekho apha ngokuhlwa ngoLwesithathu, kodwa singene kwi. . . ndiyakholwa ukuba yivesi ye-3 okanye i. . . Hayi, yivesi ye-5.

. . . kuye ekwenzeni oonyana, okanye ukubekwa ngendawo kwabantu. . .

³³ Indlela athi ngayo uThixo, ezama ukubeka abantu baKhe ngendawo zabo. Kwaye uThixo ethe wambeka omnye, ngoko, owu, lilonke ibandla liphela lifuna ukuba njengalowo, lube nohlobo olunye lwezinto, lwenze kwa into enye. Senziwe sachakwa ngendlela eyahlukileyo, senziwe sahlukana, sikhuliswe ngendlela eyahlukileyo kwaye sibekwe ngokwendawo zethu ngendlela eyahlukileyo, mntu ngamnye esenzelwa umsebenzi owahlukileyo; mhlawumbi omnye esenzelwa nje uhlobo oluthile lomsebenzi omncinane omnye esenzelwa umsebenzi omkhulu. Ndiyakholwa ukuba yayinguDavide okanye omnye wabaprofeti, ndiyalibala ngoku, wathi, “Ndinyule kanye ukuba lukhuko lwasemnyango eNdlwini yeNkosi, kunokuba. . . ndihlale ezintenti nabakho. . . nabangendawo.”

³⁴ Ngoku sizakuma okomzuzwana ekwenziweni oonyana, ivesi ye-5, sizama ukuhla sifike apho sinokuthi sibe nokufika khona. Kodwa ngoku khumbula umxholo, uwonke uphelele kukubekwa ngendawo. Bangaphi abayiqondayo loo nto? Masinive niyithetha ngegama elinye. Ukubekwa. [Ibandla lithi “Ukubekwa”—Mhl.] UMzimba [“UMzimba”] kaYesu

Kristu ["kaYesu Kristu"] ngokwendawo yawo ["ngokwendawo yawo"] kuKristu ["kuKristu"] apho uMoya oyiNgcwele ["apho uMoya oyiNgcwele"] asikhokelela khona. ["asikhokelela khona."] Nantso ke, ngoku siyifumene, 'yabona. Ukusibeka ngokwendawo zethu, iNcwadi yama-Efese izakwenza loo nto.

³⁵ Kwaye khangelala lo mfundisi umkhulu, uPawulos. Into yokuqala ayenzayo kukungquba akhuphe yonke imbono yokuwa imke. Angqube asuse yonke imbono yokuba "unganguMkristu ukuze ngomso ndibe ndimkile, ukuze ngemini elandelayo uThixo andigwebe ukuze ngemini elandelayo ndibe ndibuyile kwakhona." Yimfitshimfitshi leyo! Ngoku oku ku...Le Ncwadi ayibhekiswanga kwimfundiso yokushumayela iindaba ezilungileyo, iintshumayelo zokuvangela. Asi...Andiyichukumisi le ndawo emasimini. Le ndiyizisa kwibandla, kuba uPawulos uyibhekisa kwabangcwele, abo babiziweyo baza bagcinwa, baza bangaliswa babekelwa bucala, babe bekuMoya oyiNgcwele, sele bengaphakathi kwiLizwe laseKanana. Uzama ukubaxelela, into yokuqala, yikhuphe engqondweni yakho into yokuba uzakulahleka kwaye uzakwenza *oku*, kwaye woyika *oku*. Musa ukoyika kwanto, kuba uzama ukukuxelela ukuba uphi na, ungubani na, umi njani na.

³⁶ Ngoku, usenokuyenza into ephosakeleyo, kwaye ngalo lonke ixesha usenza nantoni na engeyiyo uyakuhlulula ngenxa yaloo nto. Ewe, mhlekazi, uyakuyivuna into oyilimileyo! Kodwa loo nto ayinanto yakwenza nosindiso lwakho. Xa uzelwe ngoMoya kaThixo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye awusenakubuya ufe njengokuba uThixo engenakufa. Uyinxenye kaThixo, unguNyana kaThixo.

³⁷ Ndazalwa ndinguBranham. Usenokundinika elinye igama, elinye igama elilelinye, kodwa oko akunandenza ndibe ngeneno koko, ndisenguBranham. Ndazalwa ndinguBranham, kwaye ndiyakuhlala ndinguBranham. Ndiza... ndisenokuphelelwa ngumfaneleko ngenye imini, ndixhuzulwe sisifo samathambo, ndibe ngodlakadlaka ndikrazukelwe ndide ndibe njengesilwanyana, kodwa ndisenguBranham nangoko! Ngoba? Igazi likaBranham lingaphakathi kum.

³⁸ Nantso into oyiyo nawe. Kwaye okoko nje uThixo ekwenzile...Ngoku khumbula, andithethi ngabo bangaphandle kuKristu. Ndithetha ngabo bakuKristu. Ungena njani kuKristu? "NgaMoya mnye!" Unobumba omkhulu M-O-Y-A...leyo ithetha ukuba, "Sabhaptizelwa ngaMoya uyiNgcwele mnye sonke kuMzimba omnye." Senze njani...Singena njani? Ubhaptizo lwamanzi? Indlela endingavumelani ngayo nani maBhaptizi nani Bandla likaKristu. Hayi ngobhaptizo lwamanzi, nakanjani na! I

Korinte 12, athe, “NgaMoya mnye, uMoya oyiNgewele, singeniswe kuloo Mzimba.” Kwaye sikhuseleke njengokuba loo Mzimba ukhuselekile. UThixo u. . . uyithembisile loo nto.

³⁹ UThixo angaMgweba kwakhona, ngeli thuba Waya eKalvari? Enyuka esiya eGolgotha, Wabethwa, watyunyuzwa, Wayengenako ukuphilisa, Wayengenako nokuthetha izwi, ngokusondeleyo. Kuba kwakutheni? Wayenezono zehlabathi ziphezu kwaKhe. Hayi ngokuba wayengumoni, koko “Wenziwa isono” ngenxa yam nangenxa yakho. Zonke izono zehlabathi ukusukela ku-Adam kude kube sekuzeni kwaKhe, ziphezu kwegxalaba laKhe. Kwaye uThixo wayengagwebi uNyana waKhe. Wayegweba isono. ‘Yabona indlela ekwakusoyikeka ngayo? Wayesenza intethelelo. Wayesenza indlela yokuphuma kubo bonke awathi uThixo, ngolwazi lwaKhe lwangaphambili, wazi ukuba bayakuza. Sakungena kuloo nto emizuzwini embalwa.

⁴⁰ Ngoku, ngoko, xa u “bhaptizelwe ngaMoya mnye kuloo Mzimba, uMzimba omnye, onguKristu,” kwaye sikhuseleke ngonaphakade.

⁴¹ Ngoku, naku apho kubonakala ngathi ibetha ngokungaqhelekanga, ingakumbi a—a—amakholwa aMa- amania, kuba a. . . kufanele enze into ukuze azenze afaneleke, okanye into ethile ehokufaneleka. Kungathini ukuba kube ngezinto ezimbini ngexesha elinye? Kuphakathi kokuba kube ngobabalo okanye ngemisebenzi, into enye. Akunakuba ngento enye, kungento ezimbini ezahlukeneyo; kufanele ukuba kubengayo ibenye. Yona. . .

⁴² Mna, okwam, andiboni nto iyenye koko lubabalo lukaThixo. Yindlela endenziwe ngayo leyo. Ndahlala ndikholwa kakade kubabalo. Ndilubabalo nje ndiphela, kuphelele apho. Ayindim—A. . . nobomi bam ngokwabo, ngethuba ndandiseyinkwenkwe, ndandingaboni nto, ilubabalo kuphela, ubabalo. Bathi, “Ndiya—Ndiya. . . Ukuba undonwaya umhlana ndiyakuwonwaya nowakho.” Ke, yintetho eyoyikekayo leyo. Kodwa andikhathali nokuba uyawonwaya na owam okanye hayi, ukuba owakho uswele ukonwaywa, ndizakuwonwaya nakanjani na. ‘Yabona, ubabalo. Ewe, mhlekazi. ‘Yabona, ubabalo lusebenza ngothando. Ukuba ukuswele oko! Kungakhathaliseki nokuba awuzange undenzele nto mna, mna—mna andizange ndibe nanto yakwenza nawe, ukuba ukuswele oko ndiyakukwenza nakanjani na. Ubabalo! Ngokuba ukuswele oko!

⁴³ Ndandiswele ukusindiswa. Kwakungekho nto inokuze indisindise. Kwakungekho nto ndinokuyenza ngesiqu sam, ndandingenako ukuzisindisa nakanjani na. Kodwa ndandiswele ukusindiswa, ngokuba ndikholwa kuThixo. Kwaye uThixo wathumela uNyana waKhe, wamenza wafana

nenyama elawulwa sisono, ukuze abulaleke endaweni yam, ndaze ndasindiswa ngobabalo kuphela ndasindiswa. Kungekho nanye into endandinokuyenza, okanye owawunokuyenza, ukuze uzisindise. Kwaye abo Wabazi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. . .

⁴⁴ Singene kuyo kuLwesithathu ophelileyo. Samzoba uThixo ekubu-Elah baKhe, u-Elohim, saza sabonisa ukuba Wayengulowo wayekho kuye ngokwakhe. Kodwa ngaphakathi kuYe kwakukho ubuYise, ngaphakathi kuYe kwakukho imilinganiselo eyahlukileyo, enjengoMsindisi, enjengoMphilisi. Konke oko kwakukuThixo, wabe uThixo engokho kuye ngokwakhe. Kodwa ngenxa yokuba Yena wayenguMsindisi, WayenguYi- . . . WayengenaziNgelosi, Wayengenayo kwanto. Kwakungekho nto inguYe kuphela. Wayekho kuye ngokwakhe. Kwakungekho nto iyenye eyayikho ngaphandle koThixo.

⁴⁵ Kodwa ngenxa yokuba Yena wayenguThixo, ngoko kumelwe ukuba kubekho into ethile yokuMnqula, ngokuba Wayekuthanda ukunqulwa. Kwaye uBume ngokwaBo badala izidalwa zokuMnqula. Ngoku, ngokomzuzwana, masibuyele emva kwakhona, ngokomzuzwana ngoku, asizukungena kuyo yonke loo nto, kodwa niyakuyifumana ekhasethini. Kodwa ngoko ngenxa yokuba Yena wayenguThixo, Wenza iiNgelosi, kwaye iiNgelosi zaMnqula. IiNgelosi zisaMnqula. Kuba, iiNgelosi ezima phambi koThixo zinamathandathu iindidi zamaphiko, amaphiko amathandathu. Zibamba amabini zigqume ubuso bazo, ngamabini zigqume iinyawo, zibhabhe ngamabini, Phambi kwaKhe, zikhwaza imini nobusuku, “Ingewe, Ingewe, Ingewe, iNkosi uThixo uSomandla.” Nantso into ethethwa siSibhalo. ZaMnqula, ngoku loo nto yadala into ethile ukuMnqula.

⁴⁶ Ukuze ngaphakathi kwaKhe kube kwakukho uphawu loMsindisi. Sasinokuthini esinye sezo zidalwa, xa kwakungekho sono kungekho ngcinga yasono, sasinokuthini esinye sazo ukulahleka? Sasingenako. Ngoko kwafuneka ukuba kubekho into ethile eyenza ukuba sibe nokulahleka, ukuze Yena abe nguMsindisi. Ngaphakathi kuYe kwakukho uMphilisi. Niyakholwa ukuba UnguMsindisi? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa ukuba UnguMphilisi? [“Amen.”] Ngoko, bekunokuthini ukuba bekungekho nto inokusindiswa okanye iphiliswe? 'Yabona, kwafanela ukuba kubekho into ethile eyenziwe ngolo hlobo.

⁴⁷ Ngoko ngoku, Wayengazange enziwe ngolo hlobo, kodwa Wabeka umntu ekubeni ngonokuzikhethela, “ukuba uthabatha *oku* uyakuphila, ukuba uthabatha *okuya* uyakufa.” Kwaye wonke umntu othe weza ehlabathini usabekwe kuloo nto inye. UThixo, ngolwazi lwaKhe lwangaphambili, wazi ukuba ngubani na oyakuza nongasayi kuza. Ukuba uThixo ethe. . .

48 Umbuzo ukhe wabuzwa izolo sisifundiswa sezakwalizwi, kum, ebesisiza ezinkonzweni okanye sisiva ikhasethi, sathi, “Mnye umbuzo!” Sathi, “Ngoku ingaba uThixo ukho kuzo zonke iindawo ngamaxesha onke? Saze,” sathi, “Angakho kwindawo zonke?”

49 Ndathi, “Akakho kwindawo zonke ngamaxesha onke ngale ndlela eli gama lithetha ngayo ukuba kho kwindawo zonke ngamaxesha onke. Akanakuba buBume aze ke abekho kwindawo zonke. Ukuba Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke, ungathini ukuthandazela uMoya oyiNgcwele? Ukuba Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke, Uzalise lonke uthanda, imbombo, crevece, yonke iseli, umsondo, yonke into eyenye ekhoyo.” Ndathi, “Kwakutheni ukuze Amzingele uMosisi, ukuba Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke ekugqibeleni? Kwakutheni ukuze Ehle enyuka emyezweni wase-Eden, ekhwaza, ‘Adam, Adam, uphi na?’ Ukuba Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke?”

50 Ukho kwindawo zonke ngamaxesha onke ngokuba Unobulumko bonke. Wazi yonke into ngokuba Akanasiphelo, ngokungabinasiphelo oko kuMenza abekho kwindawo zonke ngamaxesha onke. Ngokubakho kwindawo zonke ngamaxesha onke, ngoko, abe ngongenasiphelo, ngoko, Uhleli eMazulwini, Uhlala kwindawo ethile ngokuba UbuBume.

51 Kodwa, ngokungabinasiphelo, Wazi zonke izinto. Esazi lonke ixesha imbuzane iqhwanyaza iliso layo. Wazi yonke inyosi enkulu enoboya, ukuba ingena ndawoni na kwikhaphela lobusi ukuze ifumane ubusi bayo. Wazi wonke unondlwane ohleli emthini. Wazi yonke ingcinga esengqondweni yakho, ngokuba Akanasiphelo enobulumko bonke. Oko kukuthi, Akanguye nje Ongenasiphelo, Unobulumko bonke, Wazi yonke into. Kodwa Yena ubuBume, uThixo ubuBume, kwaye kobo Bume baKhe kuphuma ezi zinto.

52 Kwaye isono, ndathi ngobunye ubusuku, isono asiyondalo. Akukho nto yadalwayo ingeyiyo ingqibelelo. UThixo wadala zonke izinto ngokulungileyo. Isono asiyondalo. Bathi, “Ke, kwa nkqu indalo yesono.” Nakhe nayiva loo nto. Kodwa yimpazamo leyo. Isono...Mnye kuphela uMdali, nguThixo. UThixo wayengenakudala isono, ngokuba Ungcwele kwaye akukho nto ikuYe inokusenza. Isono yinto egqwethiweyo; hayi indalo, kodwa siyinto egqwethiweyo. Ukukrexeza sisenzo sobulungisa sigqwethiwe. Ubuxoki yinyaniso ixelwe ngendlela engeyiyo. Nasiphi na isono, nasiphi na isono sibubulungisa bugqwethiwe.

53 Ngoko ke ngoku, uThixo uyalungiselela. Usele eZibonakalisile, UnguThixo. Usele eZibonakalisile njengoMsindisi, umntu wayelahlekile waze Yena wabasindisa. Usele eZibonakalisile njengoMphilisi. Akwenzi mahluko

nokuba abantu bathi Ungubani na; kwaye unguYe, nakanjani na, isekwayinto enye. UnguMphilisi, UnguMsindisi, UnguThixo, UnguNaphakade. Kwaye Unenjongo. Kwaye injongo yaKhe yayiyile, ekuqalekeni, kukwenza izidalwa eziyakuMthanda ziMdumise.

⁵⁴ Waze Wenza izidalwa, zaze izidalwa zawa. Waze ngoko uThixo, ngokungabi nasiphelo kwaKhe, wakhangelela phantsi ngobude bomsinga wexesha wabona wonke umntu oyakuthi asindiswe. Wonke umntu, Wakwazi oko ngaphambi-... ngolwazi lwakhe lwangaphambili. Ngoko ukuba Yena, ngolwazi lwakhe lwangaphambili, wazi ukuba ngubani na oyakusindiswa nokuba ngubani na ongayikusindiswa, Wayenokuba nako ukumisela ngenxa engaphambili. Ngoko, eli gama asilogama libi olo hlobo eneneni, ingaba linjalo? Waba nako ukumisela ngenxa engaphambili, ngokuba Wayesazi ukuba ngubani na oyakuba nakho nongayi kuba nakho. Ngoko ke, ukuze abe nokubambisa abo bayakuba nakho, Wayesele enze i-intethelelo ngenxa yesono sabo. Owu, ukuba besinokuba nakho sifuna ukufikelela kuyo, iivesi nje ezimbalwa ezingezantsi. Wasimisela ngenxa engaphambili kuBomi obunguNaphakade, esazi ukuba abo bayakuthi babekele bucala yonke into, kwaye akunamsebenzi nokuba ikhangeleka iyinto engenamahluko kangakanani na kubantwana behlabathi, yayingayi kuthetha kwanto kubo, ngokuba babengabantwana bakaThixo. Waze Yena wababiza.

⁵⁵ Kwaye Wathumela uYesu ukuze iGazi laKhe libe sisicamagushelo, isicamagushelo seGazi, ukuze lenze intethelelo, okanye u-uxolelo, okanye intlambululo. Inkqubo yentlambululo njalo... Hayi nje ngexesha elinye emvuselelweni, koko "iphile oko, isenza izincwino," ukuze uMkristu agcinwe ecocekile imini nobusuku. Nalo iGazi likaYesu Kristu elenza u-ukwamkeleka apho emnqamlezweni, e... kwiNdawo kaThixo, elisihlambulula njalo imini nobusuku, kuso sonke isono. Kwaye sinamathiselwe ngokukhuselekileyo ngaphakathi. Sinamathiselwe phakathi njani? NgoMoya oyiNgcwele, sanganiswa eMzimbeni weNkosi uYesu, sakhuseleka. "Lowo ulivayo iLizwi laM akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade akezi ekugwetyweni, uphume ekufeni wangena eBomini." Akusekho mgwebo! UMkristu angeze aye emgwebeni. UKristu wamyela. UmMeli wam wema endaweni yam. Walimela ityala lam, ukuba ndandingazi. Wamxelela uBawo ukuba ndandingafanelekanga, ukuba ndandingazi. Kodwa Yena wandithanda Wathabatha indawo yam, walimela ityala lam, kwaye namhlanje ndikhululekile! Ewe, mhlekazi. Kwaye Wachitha iGazi laKhe, ukuze anikele apho ngenxa yesono sethu.

⁵⁶ Khumbula kubusuku boLwesithathu ophelileyo, akukho Mkristu... aMakristu ngawo onayo, kodwa umoni akanakona.

Umoni akoni, ngokuba ungumoni. Ungumoni nje indawo yokuqala, kuphelele ke apho. Apha, thabatha i—icala langemva lale ncwadi, limnyama, yindawo engakanani kulo emnyama? Limnyama lonke. Akukho bumhlophe nje kulo, limnyama. Uthi, “*Kangaka apha.*” Hayi, alinjalo, yonke le nto imnyama. Imnyama yonke. Nantso indlela ayiyo umoni. Ugwetyiwe nje indawo yokuqala. Ke, uthi, “Kuthiweni ukuba uthe wakrexeza? Kuthiweni ukuba uthe wadlwengula umfazi othile? Kuthiweni ukuba—Kuthiweni ukuba—ukuba udlala amaqashiso? Kuthiweni ukuba udubule umntu othile?” Loo nto ayinakuthanani nam. Asiloxanduva lwethu olo, sinayo imithetho apha ezantsi enokukhathalela loo nto. Asingobahlaziyi, singabashumayeli beVangeli. Asingwebi ngenxa yento ayenzileyo, asingwebi ngenxa yokukrexeza. Singweba ngenxa yokuba engumoni! Ukuba unguMkristu, ebengenakuyenza loo nto. Injalo loo nto. Ukuba utshintshekile, akayi kuyenza loo nto. Kodwa ngenxa yokuba engumoni, yiloo nto emenza ukuba enze loo nto.

⁵⁷ Nako apho i—ibagungqisa basuke esihlalweni khona abathanda ukuphila ngqongqo ngokomthetho. Ewe, mhlekazi. Mzawlana, mandikuxelele, “Akungamisebenzi, koko sisindiswa ngobabalo, noko kusiza ngokholo.” Ewe, mhlekazi. Ngoku, andinakubagweba abazawlana abaphila ngqongqo ngomthetho, bangabazawlana bam. Kwaye bayakuba lapho kanye njengokuba nabani na kubo eyakubalapho, kuba uThixo wanyula ngenxa engaphambili ukuba iBandla laKhe libe lapho. Kodwa nje nantsi into, ni—nibagcina abantu benxunguphele kangako, abazi ukuba kuyintoni na. “Namhlanje, ke, mhlawumbi ukuba ndi—ndi. . .” Bayeke nje bazi; okoko nje ndilambeke ihlabathi, abakho kwalapho indawo yokuqala.

⁵⁸ Andiphili ngokunyaniseka kwinkosikazi yam ngenxa yokuba ndicinga ukuba iyakundala. Ndiphila ngokunyaniseka kwinkosikazi yam ngokuba ndiyithanda. Yindawo esemthethweni esithe sayithabatha, yokuba siyathandana. Okokuqala, ngaphambi kokuba ibekho, kwafuneka ukuba ibe luthando. Ndiyayithanda. Nangona ndikholwa ukuba ukuba ndenze into ethile engekho mgceni, ingandixolela, nangoko andinakuyenza nakanjani na. Ndiyayithanda.

⁵⁹ Nantso indlela ekuyiyo kuKristu. Ukuba ndi—Ukuba ndiphila. . . ndinamashumi amahlanu, ukuba ndiphile ndade ndanamashumi alithoba okanye ikhulu, ndibe namanye amashumi amahlanu eminyaka okushumayela; ndize ndingashumayeli nexesha elinye, ndihle ndiyokuhlala phezu komlambo, ndisindisiwe nakanjani na. UThixo wandisindisa ngobabalo lwaKhe, olungenamlinganiselo wayo nantoni na endinokuze ndibe nokuyenza, endakha ndayenza, okanye nantoni na eyenye. Ndishumayela ngokuba ndiMthanda kwaye

ndibathanda abantu baKhe. Kwaye naso isizathu sokuba ndazi ukuba ndiphume ekufeni ndangena eBomini, kungokuba ndiyabathanda ndibazingele. Akunamsebenzi nokuba bakweyiphi na imeko, ndiyabazingela nakanjani na. Ndiye ndibafumane nakanjani na, ndibatsale nakanjani na. Ukuba abalungiseleli abavumelani nabanye abavumelani, namahlelo akavumelani, loo nto ayindimisi. Kukho into ethile! Ayizange imMise loo nto! Weza kanye phakathi kokungakholwa, kwaye loo nto ayizange imMise, wahamba kanye wabheka phambili nakanjani na. Nantso into esiyenzayo, siphuma sibafumane, sibabame nakanjani na. Akunamsebenzi, fikelela, xhiphula, bambelela ngawo onke amandla akho. Awazi ukuba bangobani na. Basindise. Oko kungenxa yothando. Akungakuba “ndinyanzelekile” koko kungokuba ndinothando, ngokuba uthanda.

⁶⁰ Uthi, “Bendifuna ukuhamba ndiyokulungisa laa nto yalaa mfazi, kodwa, ndiyakuxelela khona ngoku, ndiyaqikelela ukuba ngenxa yokuba ndihamba inkonzo ndimelwe kukuya ndiyilungise.” Hayi, nguwe omelwe kukuba ulunge, kuqala. ‘Yabona? ‘Yabona? Ukuba awunalo uthando lukaThixo entliziyweni yakho, into ethile eyenye ekwenza ukuba wazi ukuba uphosisile, ngoko hamba—ngoko hamba uyokulungisana noThixo. Ngoko uyakulungisana nommelwane wakho.

⁶¹ UYesu wafundisa kwa into enye. Wathi, “Ukuba uza esibingelelweni, kube kukho i . . . ukhumbule ukuba kukho into phakathi kwakho nommelwane wakho okanye umzalwana, yiya kuyilungisana naye, kuqala.”

⁶² Ngoku, ngoku kwizigaba zexesha ezizayo. Besiyifumene ngokuhlwa ngoLwesithathu, “ukubonakalaliswa.” Siyayibamba kwakhona kusanje, e “kubonakalalisweni koonyana bakaThixo,” ngoku apho uThixo alinde khona. Ukuze ke ekuphelisweni kwexesha kube xa siyakube simi phambi kwaKhe sonke. IiNgelosi azizange zilahleke. Azisayi kuyazi into yokuvuyela iintsikelelo njengokuba sisenza, azizange zilahleke. Kodwa ndiyazi ukuba ndavela kwintoni na, ndiyalazi iliwa endembiwa kulo, ngumoni. Uyazi apho wembiwa khona. Ngoku xa sithe safunyanwa, ngoko singanokuma phambi koThixo. Owu, iyakuba yimini enjani!

⁶³ Ngoko ukwenziwa oonyana, ukubekwa ngeendawo. Ngoku, uThixo ukwenza oku ekusebenzeni. Kwaye ngoku ukuba ndinokukuzisa kuni oku, ngoko sizakuqalisa khona ngoku ngomqolo we-5, ndifuna ukuLifunda.

Othe ngokusithanda wasimisela ngenxa engapambili, ukuba senziwe oonyana, kuye ngokwakhe ngoYesu Kristu, ngokwenkolelo yokuthanda kwaKhe,

64 Luvuyo kuThixo ukwenza intando yaKhe, ukwenza unyana, ukubeka ngendawo. Ngoku Wenza ntoni? Ubeka iBandla laKhe. Kuqala, Walibiza ibandla laKhe, amaWisile, amaPresbhithari, amaLuthere, amaBhaptizi, ewabiza. Ngoko waze Wenza ntoni? Wathumela uMoya oyiNgcwele waze wabanika ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

65 Ndifuna ukuba nina bantu bakwaMoya niyikhuphe le nto entliziyweni yenu. IPentekoste ayilohlelo; ipentekoste ngamava. NguMoya oyiNgcwele. Asingombutho. Awungeke uwenze umbutho uMoya oyiNgcwele. Akanakumelana naloo nto. Ngoku ninawo umbutho eniyakuwubiza ngaloo nto, kodwa uMoya oyiNgcwele uyahamba kanye uphume apho uniyeke nihlale kanye kuloo ndawo nikuyo, uqhubeke uhambele phambili. 'Yabona? IPentekoste asingombutho; ipentekoste ngamava.

66 Ke ngoko uThixo wabanika abantwana baKhe uZalo olutsha, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Basondela kanye kuWo ngethuba babezihlambulula, ngobuNazarene, ubuPilgrim Holliness. Kwaze kwafika amava epentekoste, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ukubuyiselwa kwezipho. Kwaze kwaphuma ukuthetha ngeelwimi nokucaciswa kweelwimi, baphiwa izipho zempiliso nemimangaliso, nemiqondiso nezimanga yaqala ukubalandela. Ngoku bangabantwana, bangabantwana bakaThixo. Babekwe kanye ngokwendawo yabo kuKristu. Baba ngabantwana ngoZalo. Kwaye uZalo olutsha nokuguquka ngokwaKo kunguMoya oyiNgcwele.

67 Awuguqukanga nokuguquka de ube uwufumene uMoya oyiNgcwele. Nantso into eyathethwa siSibhalo. UYesu waxelela uPetros, buza nawuphi na, funda iSibhalo sakho, wayengcwalisiwe ngokukholwa kwiNkosi uYesu, waba ngumlandeli, umpostile. UYesu wamnika izitshixo zoBukumkani. Kwaye kuYohane 17:17, Wabangcwalisa, Wabanika amandla, wabakhupha wabathuma, bakhupha iidemoni nezinto ezinjalo, wabangcwalisa. "Bangcwalise, Bawo, ngayo iNyaniso yaKho. ILizwi laKho liyiNyaniso. NdiyaZingcwalisa ngenxa yabo."

68 Ngamanye awona mazwi amnandi ndakha ndaweve lawo. "Bawo, ndiyaZingcwalisa ngenxa yabo." Niyazi ukuba Wayenelungelo lokuba abe nekhaya? Wayengumntu. Niyazi ukuba kutheni Wayenelungelo nje lokuba abe nenkosikazi? Wayeyindoda. Wayenalo ilungelo lokuba nazo ezo zinto kodwa Wathi, "Bawo, ndiyaZingcwalisa ngenxa yabo. NdiyaZingcwalisa ngenxa yabo."

69 Ndikhe ndathetha nomshumayeli omncinane izolo, ndizakumshumayelela kubusuku obumbalwa obuzayo apha

phezulu kumgaqo ophakamileyo. Ndaze ndambuza malunga nento ethile, wathi, “Ewe, Mzalwana Branham, kodwa abaninzi babantu bam abakholelwa kuloo nto.”

Ndathi, “Uninzi lwabo eneneni bangabakholwa ngqongqo kwinto ebhaliweyo?”

⁷⁰ “Ewe.” Umzalwana uyakholwa kuloo nto. “Kodwa,” wathi, “ngenxa yabo!” Owu, ndafuna ukuyanga intamo yakhe. “Ngenxa yabo, ’yabona, ndiyazingwalisa ngenxa yabo.”

⁷¹ Owu, uYesu wayeqeqesha amadoda alishumi elinesibini, ukuze ngaloo madoda alishumi elinesibini abe wayezakuthabatha iVangeli iye kwihlabathi. Waze wathi, “Ngenxa yabo NdiyaZingwalisa.” Zenze ngenxa yabamelwane bakho, ngenxa yomntu othile. “Musa ukusebenzisa inkululeko yakho ngenxa yengubo,” watsho uPawulos, “koko zingwalise!” Ziphathe kakuhle ebumelwaneni, njengokuba uMkristu wenene emelwe kukwenza njalo. Mayithi intetho yakho, wakuhlanguka notshaba lwakho, zingwalise ngenxa yalo, ungazi ukuba umelwe kukuthini na.

⁷² Ngoku ukubekwa konyana. Into yokuqala emva kokuba unyana wayengene, wayeba ngunyana, kodwa siye sifumanise ukuba ukuziphatha kwakhe kuko okumbeka ekwenziweni unyana, ukuba uziphethe ngokukoko na okanye hayi.

⁷³ Kwaye bu—bubuPentekoste...Ngoku mandinibonise nje ukuba iPentekoste ayilohlelo. Mangaphi amaBhaptizi akhoyo apha awayengamaBhaptizi, awathi amkela uMoya oyiNgcwele, masibone isandla sakho. ’Yabona? Mangaphi amaWisile alapha amkela uMoya oyiNgcwele, phakamisa isandla sakho. Mangaphi amaNazarene apha amkele uMoya oyiNgcwele, phakamisa isandla sakho. AmaPresbhithari, amkela uMoya oyiNgcwele? ’Yabona? AmaLuthere? Amanye amahlelo, awayengawo awobuPentekoste konke, engawehlile elithile lenkonzo, amkele uMoya oyiNgcwele, masibone isandla sakho. ’Yabona? Ngoko ke iPentekoste ayilohlelo, ingamava.

⁷⁴ Ngoku, uThixo wakuthabatha wakungenisa eMzimbeni kaKristu. Ngoku Wenza ntoni ke? Emva kokuba uzibonakalisile, uzingwalisile ngokuziphatha kwakho kakuhle, uthobela uMoya oyiNgcwele, akunamsebenzi nokuba ihlabathi lithini na.

⁷⁵ Ndi—Ndizakuyihlikihla kakhulu ngenene le, ’yabona, ngokuba...andizimisele kubakrwada. Ndi—ndi...ncedani musani—musani—musani ngenene, ’yabona. Musani ngenene ukucinga ukuba ndi—ndingumntu ombi. A—Andifuni kuba njalo. Into endikhathazayo, kukuthatha abantu ushumayele kubo le Nyaniso ithunyelwe ivela kuThixo, baze bajike kanye benze kwa into enye, baze bathi banoMoya oyiNgcwele. Loo nto iphantse ikonakalise, ’yabona. Yintoni undonakele?

Babuyela kanye emva kwakwinto enye, kanye njengabantwana bakaSirayeli, bafuna ukumkani ukuze lo kumkani abe nokubalawula abenze benze njengama-Amori nama-Amaleki namaFilisti.

⁷⁶ Niyazi, manenekazi, ukuba kuyinto engafunekiyo ukunxiba ibhulukhwe zamanenekazi? Niyayazi loo nto? Niyazi ukuba akuyonto ifanelekileyo ukucheba izihlwitha? Uyazi ukuba kuisiphoso, mnumzana, kuwe ukuba uqhubele phambili utshaya uze wenze ngohlobo wenza ngalo? Uyazi ukuba kuyinto engalunganga kuwe ukuba ungabi ngumyeni wendlu yakho, inkosikazi yakho ibe nento encinci yomsindo ikukhabe uphume emnyango uze utshi, “Ewe, isikelelwe intliziyo, sthandwa, ndizakubuya kwakhona”? Niyazi ukuba u...Ungathini ukuba ngumongameli eNdlwini kaThixo xa ungakwazi nokulawula indlu? Injalo kanye loo nto. Uyazi, dade, ukuba umyeni akangomyeni wakho kuphela, koko ungumlawuli wakho? UThixo watsho. Ngokuba loo myeni akazange alukuhlwe, ngumfazi owalukuhlwayo. Kwaye nina bashumayeli niyakuqhubeka nisenza abafazi babe ngabalungiseleli nabashumayeli emabandleni enu, nisazi iLizwi likaThixo ukuba liyayigxeka loo nto.

⁷⁷ Niyakuqhubela phambili nisebenzisa igama “Yise, Nyana, noMoya oyiNgwele,” ekubhaptizeni, ngeli thuba kungekho nechaphaza leSibhalo malunga naloo nto eBhayibhileni. Ndifuna ubhishophu omkhulu okanye umntu othile ukuba andibonise apho nabani na eBhayibhileni wakhe wabhaptizwa egameni lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgwele.” Ndifuna umntu othile akhe andibonise nabani na owakhe wabhaptizwa nangayiphi na enye indlela ngaphandle kweGama likaYesu. Kodwa olukaYohane lwalunga...Wabhaptiza, babebhaptizelwe ekukholweni ukuba Wayesiza, kodwa babengamazi ukuba Wayengubani na. Kodwa kwathi nje ukuba bayiqonde loo nto, kwanyanzeleka ukuba baphinde babuye babhaptizwe kwakhona eGameni likaYesu Kristu. Ndifuna umntu othile enze njalo...Ndi—ndiyibuzile i-Assemblies of God, omnye umshumayeli, umBhaptizi, umPresbhithari, nayo yonke enye into. Abangekhe, abangekhe bathethe ngalo. Ndifuna ukubona iSibhalo.

⁷⁸ Kwaye ngoko ndingo “yibaxayo,” ha, koko ndi “ligeza” ndilahlekwe yingqondo, ndingo “phambeneyo,” ngenxa nje yokuba ndizama ukuxela iNyaniso? Ngoku, oko—oko kukunyaniseka, bazalwana. Ukuba umntu uzithengise kangako kuThixo, sukube ukuthengise konke, onako, nesiphatho. U—U—Ube—ubekelwe bucala, usi—usisidalwa esahlukileyo.

⁷⁹ Baninzi ababiziweyo, bambalwa abanyuliweyo. Ewe, baninzi abantu ababiziweyo, ufumana ubizo entliziyweni yakho, “Ewe, ndiyakholwa ukuba uThixo uyandithanda. Ndiyakholwa ukuba Unjalo.”

⁸⁰ Kodwa, mzalwana, uyakuya ekulahlekeni kangangokuba besiya ekulahlekeni, nabanye ngokuba bayakuza apho ngaloo mini, besitsho nokuthi, “Nkosi, ndakhupha iidemoni, eGameni laKho. Ndenza yonke into eyenye eGameni laKho. Ndabaneenkonzozo zempiliso. Ndashumayela iVangeli. Ndakhupha iidemoni.”

⁸¹ Aze uYesu athi, “Mkani apha, andinazi nokunazi, bahanahansi. Ngulowo Wenza intando kaBawo waM!” Kutheni ukuba abantu bangayiboni nje? Ngoku, ndiyazi ukuba oko kuyakhuhla. Kwaye andi—andizimisele kwenzakalisa, andizimiselanga ukuba kube lolo hlobo. Kodwa, mzalwana, ndi—ndi. . .

⁸² Kukhangeleka ngathi kum si—sisekupheleni kwexesha, kwaye uThixo wenza oonyana, ebeka iBandla ngokwendawo zalo, eMzimbeni kaKristu, kowaKhe. Ngoku, akusayi kubakho baninzi Ababeka phaya, ndizakukuxelela loo nto indawo yokuqala. Uthi wena, “Owu, ilungile, kuyakubakho inani elikhulu kakhulu!” Kodwa Yena wayenamawaka amathandathu eminyaka ukuze abakhuphe, nabo. Khumbula, uvuko luyafika size sixwilwe kunye nabo. Abambalwa nje babo, ’yabona. Hlolisisa usindiso lwakho, ngokukhawuleza. Zikhangelisise kwakhona ubone ukuba konakele phi na. ’Yabona? ’Yabona nje—nje ukuba konanele phi na. Ndiyazi ukuba oko—oko kulukhuni, kodwa, mzalwana, kuyiNyaniso. YiNyaniso kaThixo. Ukwenziwa oonyana!

⁸³ Sifanele ukuba sivutha kakhulu ngenxa kaThixo, simelwe kukuba sihamba imini nobusuku. Akukho nto inokubanakho ukusimisa, kwaye simele ukuba sibe ngabalunge kangako nabonwabe kangako, nabanobubele kangako nabafana noKristu ngolona hlobo ebomini bethu. Oko kuthabatha ubomi bamihla yonke. UYesu wathi, “Khangelani kwinyibiba yasendle, indlela ekhula ngayo, ayibulaleki ingasonti nakusonta; ke ndithi kuni noSolomon kubo bonke ubunewunewu bakhe wayengavathiswanga nanjenganye kuzo. USolomon wayeneengubo ezazalekwe ngesilika emakhazikhazi nemiqumbelo nezinto ezinjalo, kodwa oko—oko akuzange. . . Yayingeyiyo lento Wayethetha ngayo. Ukuze inyibiba ikhule, imelwe kukuba ibulaleke imini nobusuku. Yintoni enifuna ukuyinyukela nize apha kokukuphela kuncinane komgca? Ukuba ilungisa lisindiswa ngenkankulu, kobeka phi na kumoni (ngongakholwayo ke lowo) nongazani naThixo, indoda elivayo iLizwi ize yale ukuhamba kuLo? Ngoku uzakwenza ntoni? ’Yabona? Ngoku loo nto. . .

⁸⁴ Eli, ngoku, libandla lethu. Sinamalunga nesine okanye isihlanu sabasemzini abaphakathi kwethu. Kodwa eli libandla, ndibanifundisa. Oku kuya emakhasethini. Ndifuna abantu abaphulaphula amakhasethi, bakhumbule, oku kuya kwibandla lam. Phaya phandle phakathi kwabantu

abangaphaya, ndizama ukuba linene kangangoko kunokuba ndibaxelele loo nto, ndibe buhlalela kude apho ndinokuthi nditeketise kwiimbono zabo ezincinane zobisi olungxengiweyo. Kodwa kwakufikelela ekubeni ngenene kubekwe iNyaniso phantsi, maSiyibeke phantsi.

⁸⁵ Ukwenziwa oonyana, ukubekwa ngokwendawo! Baphi? Ndibonise ukuba baphi na. UThixo ebizela abantwana bakhe bucala ngokuzibonakalalisa. Akufunekanga bathethe nelizwi elinye ngaloo nto, uyabona kukho into ezakwenzeka. Ukubeka ngokwendawo unyana waKhe, emfaka kulungelelwano kanye nezo zinto zinye. U—Unegunya ngokunjalo, ilizwi lakhe lilunge kanye njengelenkulu yeNgelosi, ngcono kunayo. Unyana wabangwa, wabekwa kwindawo ephakamileyo, wabekwa apho phandle, watshintsha iingubo zakhe, watshintsha umbala wakhe. Uyise waba netheko, wathi, “Lo ngunyana wam, buqalela apha ubukumkani bakhe. Ungumlawuli. Uphezu kwabo bonke ubutyebi bayo. Konke okokokwam kokwakhe.” Injalo loo nto. Ngoko singabuyela emva kwa kwinto enye, u-Elah, Elah Elohim, u-Elohim, ’yabona, apho Akho kuye ngokwakhe. Size sibuyele emva ukuphumela kuYehova Owathi wenza okuthile, Wanikela ngobukumkani phezu komhlaba. Silindele ntoni? Izibonakaliso. Umhlaba uyancwina. Masihle sifikelele kuyo siyifunde. Kulungile.

*...wasimisela ngenxa engaphambili... ukuba
senziwe oonyana kuye ngo... ngokwakhe
ngokwenkolelo yokuthanda kwakhe,*

*ukuze kudu—ukuze kudunywiswe uzuko lobabalo
lwakhe,...*

⁸⁶ Yintoni ubabalo lwaKhe? Emva ngaphambili, ngethuba Wayengenguye uYise; ubabalo lwaKhe, uthando lwaKhe, lwaMenza wangumntwana, ukuze sibe sinokumiselwa ngenxa engaphambili ukuba senziwe oonyana, ukuze kudunywiswe ubabalo lwaKhe. ’Yabona?

*...awasibabala ngalo sikuye o—o (uMntu)
othandiweyo, onguKristu.*

⁸⁷ Wasenza samkeleka njani? NgaYe. Singena njani kuYe? NgaMoya mnye, sonke sibhaptizelwe kuYe. Phulaphula.

*Esinayo sikuye inkululeko ngokuhlalulelwa (ngalo)
igazi lakhe, ukuxolelwa ke kwe-Z-I-P-H-O-S-O. . .*

⁸⁸ Singakushumayela njani ukumisela ngenxa engaphambili, nokunyula ngenxa engaphambili kukaThixo nokubeka, ngaphandle kokuba kukho isicamagushelo sesono kwindawo ethile? Kutheni ukuba kube njalo? Ngomhla ngamnye ube wenza impazamo, mhla ngamnye wenza okuphosakeleyo. Kodwa ukuba uzelwe ngokutsha, ndoda okanye mfazi, nje ukuba wenze impazamo, uThixo uyazi ukuba uyazisola ngenxa

yayo. Ungema Phambi ko—koMongameli uRoosevelt okanye nabani na ongomnye, uthi, “Ndiphosisile, uThixo makandixolele ngenxa yale nto.” Ngoba? Kwaye naku apho iGazi lokucamagushela . . .

⁸⁹ Uqaphele loo nto “I-Z-I-P-H-O-S-O.” Umoni ngumoni, akenzi zono. Kodwa ibandla lenza izono, lenza okuphosakeleyo, liba nengcinga engafanelekanga, ukuqonda ngokungafanelekanga, lenze ukuxambulisana, ukubhatyaza ngokomntwana omncinane ehamba, ezama ukufunda ukuhamba. Akazi ukuba kuhanjwa kakuhle njani na, kuba uyinkwenkwe encinane. Kodwa sinaso iSandla esifikelela phantsi ukuba sithi . . . sisibambe sisithantamise, sithi, “Thabatha inyathelo *ngolu hlobo*, nyana.” Akasithathi asiphakamise asibethe ngenxa yokuba senze impazamo, Akasibethi siye ekufeni ngenxa yokuba sizama ukuhamba. Uyasithanda njengokuba sibathanda abantwana bethu.

⁹⁰ Owenene, utata wenene akasayi kumfaka isabhokhwe umntwana wakhe xa ezama ukuhamba, ukuba uthe wawa phantsi emgangathweni. Uthoba phantsi ngesandla esikhulu esomeleleyo amphakamise, athabathe izandla zozibini ambambe, athi, “Yenziwa ngolu hlobo, nyana. Hamba *ngolu hlobo*.”

⁹¹ Nantso indlela uThixo enza ngayo kwiBandla laKhe! Uthoba phantsi amphakamisele engalweni yaKhe, amphakamise athi, “Hamba ngolu *Hlobo*, nyana. Naku, musa—musa—musa ukuyithetha ngolo hlobo, thetha ngolu *hlobo*. Ngoku, andikhathali nokuba lithini na ibandla, nokuba *le* ithini na, *leya* ithini na, yithethe ngolu *Hlobo*. Ngolu *Hlobo*, yiyo Leyo! Ukuba iLizwi laM liyaYishumayela, hlala naYo kanye, hamba naYo. Hlala kanye naLo. Andikhathali nokuba wonke umntu ongomnye utsho, hlala kanye naLo. Hamba ngolu *Hlobo*. Nantsi indlela yokuthatha amanyathelo akho.”

⁹² Izone zethu; isicamagushelo ukuthanda izono zethu, kungenjalo besingekhe sibe nalo kwathuba. Indlela esinokuthi ngayo sizimilisele kula Mazwi!

. . . *ngokobutyebi bobabalo lwakhe; awa—awaluphuphumisela kuthi . . .*

⁹³ Kukuthini “ukuphuphumisela”? Owu, bethu! Awathi Yena *waluphuphumisela*. “Zimfumba ezinkulu zalo.”

. . . *waluphuphumisela kuthi linabo bonke ubulumko nokuqonda;*

⁹⁴ “Ukuqonda, bonke ubulumko Wabuphuphumisela kuthi.” Ngabo bonke “ubulumko,” hayi obehlabathi. Ubulumko behlabathi bubudenge kuYe, kwaye ubulumko bukaThixo bubudenge kwihlabathi. Kanye njengemini nobusuku, enye ayinakuvumelana nanye. Kodwa ilanga liyaqala ukuvela ize

imini ifike, ubusuku buthi saa ukusuka kwindawo nendawo. Ukuze xa ukuKhanya kweVangeli kuqala ukungena, zonke izinto zehlabathi ziyaqalisa nje ukunyamalala. Kwaye yintoni eyenza loo nto? Yena uhlala ekukukhanya kweLanga phezu kwabantwana baKhe, abahamba kuMoya, bekhokelwa nguMoya kaThixo, behleli kubabalo lwaKhe, benako konke ukuqonda nobulumko, beqonda, nobuqili bokwazi ukuba kuhanjwa njani na. Uyabona ukuba iphosakele, ulumke kwinto oyenzayo, indlela othi... Ukuba iphosakele, lumkela kwa indlela yokuyingena. Ukuqonda! Yiba kufutshane kakhulu uqiniseke kangako ukuba uyazi ukuba ingenwa kanjani na. Ukulumka ngokwenyoka, ube njengehobe ukungabi nabungozi. Nantso into awayithethayo uYesu.

⁹⁵ Owu, ziinzulu ezi, zihlobo! Singahlala nje siqhubele phambili imini nemini. Azimangalisi? Ukuqonda, ubulumko, Yena uphuphumisela kuthi, wagalela! Akasiniki nje icephe elizeleyo, koko wathabatha umhlakulo ongquthu omkhulu wahlala nje egalela ngolo hlobo. Waphuphumisela kuthi, ubulumko nokuqonda kobabalo lwaKhe! Owu, ubabalo olumangalisayo, simnandi njani eso sandi!

Ngoku, *awaluphuphumisela kuthi lunabo bonke ubulumko...nokuqonda;*

*esazisile imfihlelo yokuthanda kwakhe
ngokwenkolelo yakhe,...*

⁹⁶ Ngubani lo Athetha naye? Ngamahlelo? Ncedani, bazalwana bam, ningakhe nicinge ukuba ndilijongela phantsi ihlelo lenu, akunjalo. Ndizama ukunixelela ukuba laliyinto ephosakeleyo indawo yokuqala. UYesu wathi, "Hambani niye kushumayela iiNdaba ezilungileyo," sahamba senza amahlelo. Naso isizathu sokuba sibe asinaZo, sihamba silandela ubulumko bomntu. Ukuba uCalvin angavuka!

⁹⁷ Ngoba, ndikhe ndema kungekudala ngasengcwabeni lalo ndoda ibalulekileyo, umhlaziyi omkhulu. Ndaze ndacinga, wayeyindoda ebaluleke kanjani! Wayeyiyo! Ke i... andinaku... YiyinguJohn Wesley. Ndaze ndacinga, ukuba uJohn Wesley angavuka kweli ngcwaba namhlanje abone imeko elikuyo ibandla lakhe, anga nentloni ngegama lakhe. UJohn Wesley wayeyindoda yakwathixo, exwilwe emlilweni, njengokuba eyibiza. UJohn Wesley wayeyindoda engcwele eyayikholwa kuThixo, ihamba inyathelo nenyathelo emva kwaKhe. Kodwa emva kokuba uJohn wafayo, bathi, "Sizakwenzela uJohn ibandla ukuze sibe nebandla, kwaye siyakulibiza ngokuba libandla iMethodist ngokuba inkqubo yakhe yongcwaliso ingumsebenzi wesibini wobabalo."

⁹⁸ Ngoko benza ibandla, kwaye namhlanje loo madoda ebandla akhanyela yonke into uJohn Wesley awayimelayo. UJohn Wesley washumayela iPiliso eNgcwele. UJohn Wesley

wayekhohlelwa kubhaptizo loMoya. UJohn Wesley wayekhohlelwa kuko konke ukubuyiselwa kwezipho. UJohn Wesley, uMartin Luther, abaninzi baloo madoda abalulekileyo athetha ngeelwimi aze acacisa. Kwaye, namhlanje, ukuba ungathetha ngeelwimi kwibandla lobuMethodist okanye ibandla lamaLuthere, bangakukhaba uphume ngomnyango. Yintoni undonakele? Kanye ngeli xesha apho besimelwe ukuba sibeka oonyana ngeendawo, yintoni undonakele? Bathabathe into ethile eyenye, ngokuba bengayazi imfihlelo kaThixo. Kwaye abanakuze baYazi ngeziko lemfundo!

⁹⁹ Mandifunde enye into apha. Kulungile? Kulungile. Masityhile ngaphaya, ndinento ethile endiyibhale apha. Masifumane indlela awathi ngayo uPawulos... Ngoku, apha, nanku umfundisi walo Myalezo. Masiye kwiZenzo 9:5, umzuzu nje. [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] Nindazise xa ndiphume e...?...

Ke kaloku uSawule, esabafuthela ngeentsongelo neembulalo... (Owu, elo lincinane linempumlo etsolo, linomsindo kakhulu, iJuda elikhohlakeleyo,) ukuxhela ngokubhekiselele kubabafundi beNkosi, waya kumbingeleli omkhulu,

wacela kuye iincwadi zokuya eDamasko ezindlwini zesikhungo, ukuze athi ethe wafumana abathile...

¹⁰⁰ “Ndizakuya kubakhangela! Ukuba ndinokubafumana, mfo, into endiyakuyenza kubo! 'Yabona, ukuba nje ndinokubafumana!’” Kodwa wayemiselwe ngenxa engaphambili!

¹⁰¹ Wazi njani ukuba laa mthengisi weziyobisi mdala uphaya ezantsi akamiselwanga ngenxa engaphambili eBomini? Wazi njani ukuba laa mjikelezi estratweni ungayi kuthetha naye, wazi njani ukuba ukubamba nje isandla kancinane uze ummelele enkonzweni akuyi kumenza ingcwele kaThixo, ngaphaya eBuqaqawulini? Xa... Wazi njani ukuba akanyulwanga? Nantso into esingayaziyo. Kodwa lo ngumsebenzi wethu. Njengomlobi owaphosa umnatha elwandle waza wawukhupha, kweza namasele, iintlanzi, amaclikishe, izigcawu zasemanzini, nayo yonke enye into, kodwa ezinye zazo yayizintlanzi. Wayengazi, waphosa nje umnatha. Nantso into esiyenzayo. Khangela uPawulos.

...wacela kuye iincwadi zokuya eDamasko ezindlwini zesikhungo, ukuze athi, ethe wabafumana abathile bale ndlela, amadoda kwanabafazi, abazise bekhonkxiwe eYerusalem. (Mzalwana, wayengqwabalala ngenene!)

Kuthe ke ekuhambeni kwakhe, wasondela eDamasko; waza ngesiqophe wabanekelwa ngenxa zonke lukhanyiso...

¹⁰² Kwegqitha umpriste ngendlela, uGqirha F.F. Jones, waze wathi kuye, “Uswela a—amava eziko lemfundo ngoku, nyana, kwaye siyakholwa ukuba uThixo angakusebenzisa”? Yayingayi kuba siSibhalo esikhangeleka ngokoyikekayo eso, ukusifunda ngolo hlobo? Ngoku loo nto inomongo ngangokuthi... andikuthetheli kuhlekisa oku. Ukuba, thina, oko kunomongo kangangoko sinokukufumana kuko namhlanje. “Uyazi, umama wakho wayengumfazi olungileyo, ndiyakholwa ukuba ungangumshumayeli onguye.” Khangela into eyenzekayo.

Kuthe—Kuthe ekuhambeni kwakhe, wasondela eDamasko; waza ngesiquphe wabanekelwa ngeenxa zonke lukhanyiso... (Whowu, kwaqala okwamandla angaphezu kwendalo)... lukhanyiso oluwela eZulwini;

wawa emhlabeni, weva izwi lisithi kuye... Sawule, Sawule, unditshutshiselani na?

Wathi ke yena, Ungubani na, Nkosi? Ithe iNkosi, Mna ndinguye uYesu omtshutshisayo wena; wenzakala, ukhaba iimviko nje.

Waza egubha, eqhiphuke umbilini, wathi, Nkosi, ufuna ukuba... ndenze ntoni na? Yathi iNkosi, Vuka, uye kungena emzini lowo; woyixelelwa into omelwe kukuyenza.

¹⁰³ Amadoda awayehamba naye ke, ehla, aza afumana indoda. UHananiya, apho ezantsi, eyayibone umbono. Konke kokwamandla angaphezu kwendalo! Waze uSawule omdala, lo mfo mdala ukhohlakeleyo! Lo Hananiya wayebone umbono, wakhangela endlwini yakhe. Wayengumprofeti, esendlwini yakhe ethandaza, waze wabona umbono. Wathi... iNkosi yathetha naye yathi, “Nantso indoda isihla isiza ngendlela phaya ngaphesheya, iyimfama oku kwelulwane, yaye igama layo nguSawule, inguSawule waseTarso.”

¹⁰⁴ Wathi, Nkosi, ndive izinto ezinkulu. Musa ukundithuma, ndiyindoda encinane. Musa ukundithuma kuyo.”

¹⁰⁵ Wathi, “Khangela, endleleni yakhe ehlayo, ndimbonise umbono. Ndivele kuye ngeNtsika yoMlilo. Ndimbethe wayimfama kangangoko enokuba nako. Kwaye kunyanzeleke ukuba ndimenze abe yimfama ukuze ndimaphule ngaphambi kokuba ndenze nantoni na ngaye. Yabona, ndinyanzeleke ukuba ndiyikrazule yonke imfundo yakhe yezakwalizwi. Uyazi, waye—waye—wayengumfo omkhulu kwelinye lalo mabandla apho phezulu. Wayenazo zonke iintlobo zezidanga, kwakungafunekanga ukuba agudise nantoni na, kodwa,” wathi, “into eNdimelwe kukuyenza kukuzikhupha zonke kuye.”

¹⁰⁶ Yayileyo ke. Kwakungekuko ukumnika engaphezulu, kodwa ikukuyikhupha kuye. Ndiyacinga ukuba nantso into

engundonakele ngesifundisi sethu namhlanje, khupha nje kuwe, apho uThixo ayakufaka kuwe uMoya oyiNgcwele. Khupha! Apho, wathi. . .

¹⁰⁷ Waze wathi, “Nkosi, kodwa le—le—le ndoda yindoda eyoyikekayo.”

¹⁰⁸ Wathi, “Kodwa, khangela, iyathandaza. Ngoku, uyakuhla ngesitalato esithile uze ufike emthonjeni. Udlule kulo mthombo ngasekunxele, uze uhle. Kuyakubakho ihashe elimhlophe, uze unyuke uye kunkqonkqoza emnyango. Ingqengqe nje apho endlwini, kulapho bathe banako nje ukumthatha bamse khona. Beka izandla zakho kuyo, yihlise uye nayo emlanjeni weDamasko uyibhaptize eGameni likaYesu. Kuba, ndiyakukuxelela into endiyakuyenza, iyakuthi ive izinto ezininzi ezinzima ngenxa yaM, kuba ingumthunywa waM kwiiNtlanga.” Amen!

¹⁰⁹ “Ke, ngoku, yima umzuzu, Nkosi! Ngoku ungacebisa ngesiphi isikolo?” Ndizakukuxelela into emasiyenze, masifunde kumaGalati sifumanise. Esilandelayo—Esilandelayo nje isahluko ngaphambi koko. Masifumane amaGalati 1, siqale ngevesi ye-10, size sifumanise ukuba waya kwesiphi na isikolo uPawulos, kweliphi iziko lemfundo, wabekwa ngubani na izandla, ukuze, owu, kwenzeka konke oko. KumaGalati isahluko so-1. Ukonga ixesha, masiqale ngenguquko yakhe, ivesi ye-10

Kuba ngoku ndithomalalisa abantu, ndithomalalisa uThixo, kusini na, ndikholisa abantu kusini na? Kuba ukuba ndingaba sakholisa abantu, ndingaba andimkhonzi kaKristu.

¹¹⁰ Owu, bethu! Ndingakhe ndithethe into ethile encinane phambi koku apha. KumaGalati 1, sifumane isahluko se-8. Bangaphi abaziyo ukuba uPawulos yayinguye owenza ukuba abo bantu babhaptizwe kwakhona eGameni likaYesu, iZenzo 19? Ngokuqinisekileyo wenza njalo. Masifumane nje indawana apha gentla, kweye-8—ivesi ye-8.

. . . ke nokokuba thina aba, nokokuba kusuke isithunywa sasemazulwini sanishumayeza iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezo sanishumayezayo, masisingelwe phantsi.

¹¹¹ Niyayifumana? Uyifumana phi le Vangeli, Pawulos? Ivesi ye-9.

. . . njengokuba besesitshilo, ndiyaphinda, ndithi nangoku, Ukuba ubani unishumayeza iindaba ezilungileyo ezinxamnye nezo nazamkelayo, makasingelwe phantsi.

¹¹² Ukuba uyingelosi enkulu, ukuba ubhishophu, ukuba ungumongameli jikelele, ukuba unguGqirha usibani bani, nokuba ungubani na, ukuba akashumayeli ubhaptizo

Iwamanzi eGameni likaYesu Kristu, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, engashumayeli ngokubuyiselwa kweziphosho, ukuza kukaKristu, zonke ezi zinto, makasingelwe phantsi! Ukuba uzama ukuthabatha naliphi na iLizwi apha aze athi yayilelomnye umhla alibeke ngaphaya kwimbono ethile entsha ayifunde kwiziko lemfundo, makaqalekisiwe!

¹¹³ Masifunde sibheke phambili, sibone indlela uPawulos awayifumana ngayo, sibone ukuba kwenzeka njani na, le nto ndizama ukuyithetha kuni kusasanje.

Kuba ngoku ndithomalalisa abantu, ndithomalalisa uThixo, kusini na? Ndifuna ukukholisa abantu na? Ukuba ngaba ndisakholisa abantu, ndingaba andimkhonzi kaKristu.

¹¹⁴ Ingaba kukho into endinokuyilindela, angathini umntu othanda uThixo engumshumayeli, ingakumbi, ukuba alindele ukwenza nantoni na aze angathiywa ngumntu? Abantu bayakukuthiya. Kulungile, bathi... uYesu wathi, “Ukuba Mna bandibize, ndinguMnini wendlu... ndim uMnini, oyena umkhulu kuni nonke. NdinguLowo unokwenza imimangaliso emininzi ndenze nengaphezulu ngoMoya oyiNgcwele kunani nonke, ngokuba ndinayo yonke inzaliseko kuM. Kwaye ukuba baNdibize ngo ‘Bhelezabhule,’ bayakubeka phi ukunibiza njalo nina? Kodwa” wathi, “Musani ukucinga into eniyakuyithetha, kuba ayisayi kuba nini enithethayo, iyakuba nguYihlo ohleli ngaphakathi kuni, oyakuthetha ngelo xesha. Hlalani nje neLizwi.” Kwaye Yena, wathi Akugqiba ukubhala iNcwadi, Wathi, “Ukuba umntu uthe wasusa iLizwi lalinye kule Ncwadi okanye wongeza iLizwi kuyo, lowo uyakususwa eNcwadini yoBomi, ngenxa yakhe.” UThixo makasincede sihlale nje kanye naYo!

¹¹⁵ Ngoku ivesi elandelayo, mandifunde ngoku, ndifunde ngokukhawuleza ngoku.

Ke kaloku ndiyanazisa... Oko kukuthi, ndinisa emgwebeni. Ndiyanazisa bazalwana, ukuba azingokomntu iindaba ezilungileyo ezi, zashunyayelwayo ndim;

Ngoku, andingomWisile, mBhaptizi, mPresbhithari, okanye wakwaMoya; zazingekho ngokomntu. Zingekho... .

Kuba nam lo andizamkelanga mntwini, andizifundiswa, nokuzifundiswa,...

¹¹⁶ “Andizange ndizamkele mntwini, kwiziko lamfundo, kugqirha, ubungcwele, kwisikolo samfundo. Andizange ndizamkele ngaloo ndlela, andizange ndizifundiswe ngolo hlobo, andizange ndizifumane ngolo hlobo, azizange zize kum ngaloo ndlela.” Zeza njani ngoko, Pawulos?

...Ndazamkela ngokutyhilelwa nguYesu Kristu.

117 “Ngethuba uKristu waZityhilayo kum, ukuba Yena wayenguNyana kaThixo, xa laa Ntsika yoMlilo yawa phezu kwam ngaloo mini, ndathi, ‘Ungubani na Wena, Nkosi?’ Yathi, ‘NdinguYesu.’”

118 Ngoku, ndizakukubonisa into—into eyenzekayo kuye. Ngoku, khona ngoku ukuba umfo wayenamava, babenokufuna ukumnika iminyaka elishumi yokufunda isiGrike, neminye iminyaka elishumi ngaphezulu yokufunda into eyenye, aze ngelo xesha abe sele ephelile. Khangela.

*...andizamkelanga mntwini, andizisifundiswanga
nokuzifundiswa, ndazamkela ngokutyhilelwa nguYesu
Kristu.*

*Kuba nayiva eyam ihambo eyayifudula
isebuYudeni...*

119 “Ndandingugqirha omkhulu mfo. Ndandinayo.” Wayefundiswe phantsi koGamaliyeli, umfundisi ongoyena mkhulu ababenaye kwelo lizwe. Bangaphi abaziyo ukuba uGamaliyeli nguye omkhulu—ongoyena mkhulu kwa-bo bafundisi? Ewe, mhlekazi. “Inkolo yam yobuYuda, mfo, ndayifumana ezantsi; ndandisazi yonke indlela yokucengeleza iNkolo yabaPostile nazo zonke ezo zinto, uyabona. Ndandiyazi indlela yokwenza yonke imithandazo yakusasa nokusikelela abantu.” ‘Yabona?’

*...ukuba ndandilithutshisa ndilibhuqa ibandla
likaThixo ngokuncamisileyo; indlela endathi ngayo
ndazama ukulimisa elo qela labaqengqeleki
abangcwele! ‘Yabona?’ ‘Yabona?’*

Ndaye ndihambela phambili ebuYudeni...

120 “Ndandiyindoda ebalulekileyo. Mfo, ngenene... ndandibalulekile, ndababonisa ukuba ndinokubatyumza, kuba ndabalala uStefano neqela elininzi lezinto endenzayo. ‘Yabona indlela endenza ngayo!’ Indlela endatshutshisa ngayo ngokungenamlinganiselo!

*Ndaye ndihambela phambili ebuYudeni, ngaphezu
kwabaninzi ababezintanga zam eluhlangeni
lwakowethu, ndizizondelela ngokugqithisileyo
izithethe zoomawokhulu.*

121 Ngoku, khumbula, ingeloLizwi likaThixo, “izithethe zooyise,” izithethe zebandla, ngamanye amazwi. “Ndiyaqonda ukuba ndandingumWisile woqobo, ndandingumBhaptizi woqobo, ndandingumPentekoste woqobo.” Owu, unjalo? Ndifuna ukuba nguThixo woqobo. Ewe, injalo loo nto. ‘Yabona?’ Kulungile.

...izithethe zoobawo.

Ke xenikweni kwakholekayo kuThixo, . . . (Owu, owu, uPawulos, uyeza) . . . owandahlulayo kwasesizalweni sikama, owandizisa kwelihlabathi wandibiza ngalo ubabalo lwakhe,

ukuba amtyhile uNyana waKhe ngaphakathi kwam, . . .

122 Injani loo nto? “UMoya oyiNgwele okum! Kwakholeka kuThixo ukundithabatha, owandahlulayo kwasesizalweni sikama, wandinika uNyana, onguMoya oyiNgwele ekwimo yoMoya, ngaphakathi kum, ukuze aZityhile.” Owu, bethu! Whowu! Ndi—Ndi—Ndiyakholwa ukuba ndifuna ukukhwaza kancinane.

123 Khangela, mandikuxelele, mzalwana. Xa kwakholekayo kuThixo! Owu, haleluya! Xa kwakholekayo kuThixo! Ubawo olinxila. Umama . . . UThixo akusikelele, mama, andinanto ndinokuyithetha ngokuchasene nawe. Kodwa umama wayengazinto ngoThixo kunokuba umvundla wawunokuzazi izihlangu zekhephu. Kwaye utata owayelala enxilile ezitratweni. Ndingenazo nezihlangu zokuya esikolweni, neenwele zinde zibetha entanyeni yam, kwaye wonke umntu wayendithiyile ngokuba ndandingumKentucky apha ngaphesheya e-Indiana. Kwaye indlela, owu, indlela ekwakungumbono onukayo ngayo nje. Kodwa kwakholeka kuThixo! Amen! Kwakholeka kuThixo, Owandahlulayo ukusukela esizalweni sikamama, ukuze Abe nokutyhila uNyana waKhe ngaphakathi kum, ngokwenza umlungiseleli weLizwi, oyakuhlala kanye ngqo naLo, oyakubosa imibono nemiqondiso nezimanga nemimangaliso. Kwaye, owu, bethu!

124 'Yabona into Awayethetha ngayo? Kwakholeka kuThixo ukwenza loo nto! Njani? Phulaphulisisa. “Ukutyhi- . . .” Thabatha ivesi ye-16 ngoku.

Ukuba amtyhile uNyana wakhe ngaphakathi kwam ukuze ndimshumayeke ngenzaba ezilungileyo phakathi kwentlanga; ng oko andibhekisanga nto kwibandla:

125 “Andizange ndiye kuye nawuphina ubhishophu ndimbuze ukuba ndimelwe kukwenza ntoni na. Andizange ndiye nakwiyiphi na inyama negazi, nawuphi na umbutho okanye nantoni na eyenye. Andizange ndibenayo nantoni na enokwenza nabo. Andizanga ndibhekise kwinyama negazi. Ndingazange ndinyuke ndiye eYerusalem ukuya kubo bonke abapriste abakhulu abangcwele nootata abangcwele, nako konke oko, ndaze ndathi, ‘Ngoku, uyazi, ndibone umbono, ndimelwe kukwenza ntoni ngawo? Ndibone iNkosi uYesu yozuko embonweni.’ Babenokuthi, ‘Phuma apha, wena! Yintoni . . . Ungumqengqeleki ongcwele! Ke, kwenzeke ntoni kuwe?’ Hayi, ndibe nazo zonke izidanga zabo indawo yokuqala. Ndine . . .”

126 Kwaye uPawulos uthe ngapha, ndinganibonisa eSibhalweni, ukuba wathi kwafuneka alibale yonke into awakhe wayifunda, ayibalele ekuthini yinto engento, ukuze abe nokumazi uKristu. Owu!

Andinyukanga nokunyuka ndiye eYerusalem, kubo ababengabapostile ngaphambili bam; ndesuka ndaya kwelase Arabhi, ndaza ndabuyela eDamasko.

Ndandula ndathi, emva kweminyaka emithathu, ndenyuka ndaya eYerusalem ukuba ndazane noPetros, ndahlala naye iintsuku ezilishumi ellinantlanu.

127 Kwaye njengokuba sifunda sibheka phambili, sifumanisa ukuba yena nompostile uPetros abazange babonanane ebomini, bengazange bazane, bengazange babonane, kodwa bathi bakuhlangana babeshumayela kwa iVangeli enye. UThixo unaso isikolo. 'Yabona? Ewe!

128 Yayinguye lo uPetros waphakama ngoMhla wePentekoste, wathi, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya oyiNgcwele."

129 UFiliphu wathi, "Owu, indlela ekumangalisa ngayo oku! Ndimele ukwenza into ethile nam. Wehla waya... ndinobizo lokuhla ndiye kwaSamari." Wehla waya apho waze wangqina estratweni. Into yokuqala, umntu ogulayo wenyuka weza, wabeka izandla kuye, waqalisa ukuxhuma eqhwalela, wathi, "Uzuko kuThixo, naku ke!" Waqalisa ukuba nenkonzo enkulu. Wathi, "Nonke niswele uMoya oyiNgcwele." Wathi, "Into enimelwe kukuyenza, nimelwe kukubhaptizwa eGameni likaYesu." Ngoko wabathabatha, bonke ngabanye, wabakhupha abo wababhaptiza bonke eGameni likaYesu. Wathi, "Nyuka, Petros, babeke izandla ngoku." Baze bafumana uMoya oyiNgcwele.

UPetros phezulu kwindlu kaKorneli, yaba yindlela enye.

130 UPawulos wayengazange wambona okanye weva kwanto ngaye. Kodwa wedlula kumanxweme angentla e-Efese, waze wafumana abadisipile abathile. Wafumana umshumayeli womBhaptizi, wayenguye, u-Apollo, igqwetha eliguqukileyo, elumkile, ekrelekrele, ethabatha iTestamente eNdala aze aphuhlise ngaYo ukuba uYesu wayenguNyana kaThixo. Ewe, mhlekazi, wayeyindoda elumkileyo. Kwaye babekhwaza, babenovuyo. IBhayibhile itsho. Funda kwisahluko se-18 nese-19 seZenzo ubone ukuba ayinjalo na loo nto. Babenovuyo, babexhentsa bekuMoya, bebaleka bejikeleza, uyazi. UPawulos wathi, "Kodwa namamkela na uMoya oyiNgcwele nakholwayo nje?"

131 Kwaye kuni bazalwana bamaBhaptizi abazama ukungxala oko kuhle emiqaleni yabantu, nithi isiGrike sakuqala sithe, "Namamkela na uMoya oyiNgcwele ukusukela, okanye

ngethuba nakholwayo?” Ndiyanimema ukuba nindizisele isiGrike! Ndinaso isiGrike sakuqala endinaso. Ndinaso kwakhona nesi-Aramic, nesi-Hebhere, ngokunjalo. Zonke ngazinye zithi, “Namamkela na uMoya oyiNgcwele *ukusukela* nakholwayo nje?”

¹³² Nisindiswa ngokholo, olo lukholo lwenu uThixo. IGazi linigcina nicocekile esonweni, ngokuba lenza idini. IGazi alinisindisi, iGazi linigcina nicocekile. Nitsho ngani ukuba nisindisiwe? Nisindiswe ngokholo, noko kungokwazi kwenxa engaphambili kukaThixo, enibiza. Nisindisiwe, laye iGazi lenza intethelelo, ngokuthe rhoqo linigcina nicocekile. Ukuze ngaMoya mnye nibhaptizelwe kuMoya oyiNgcwele, ningene kubudlelane babakholwayo, nakubudlelane boMoya oyiNgcwele, ukuze nikhokelwe nguMoya, nisenza imiqondiso, izimanga.

¹³³ Nilindle, niqhubela phambili, nilindele into ethile, okuncinane nje siyakufumana, ndiyathemba ukuba siyakufumana nakanjani na. Ndinixelele ukuba nindibize ngeli xesha, bekunjalo? Kwenzekile ukuba nje ndibe ndijonge kulo. Ilizwi nje—nje okanye abemabini ngaphezu koku. Nje i... Nje—nje ngokuncinane kokongeza.

¹³⁴ Luthabatha ixesha elingakanani usindiso, ithuba elingakanani? Luhlobo olunjani losindiso olo? Ukusuka kwibandla ukuya kwibandla? Ukusuka... Masityhile kumaHebhere 9:11, umzuzu nje, nje—nje ukuze sibone ukuba lithuba elingakanani na, okwemizuzu embalwa nje. Tyhila ngaphaya kwiNcwadi yamaHebhere size—size sifumanise nje ukuba lithuba elingakanani na olu sindiso oluhlala lona. Sibone ukuba luhlobo luni na losindiso olu. Masifunde ngoku kumaHebhere 9:11.

Ke yena uKristu efike wangumbingeleli omkhulu wazo izinto ezilungileyo eziza kubakho, uthe ngowona mkhulu ugqibeleleyo umnquba, ongenakwenziwa ngazandla, oko kukuthi, . . . (ngoku ikwangulo mfundisi mnye, uPawulos, 'yabona) . . . ongengowale ndalo:

Kungengalo negazi lebhokhe nelamathole, kodwa ngegazi elilelakhe wangena kwabakanye (kangaphi? Kanye!) kweyona ngcwele, wafumana . . . (usindiso isithuba seveki, usindiso ukuya kuma kwimvuselelo ezayo? Luhlobo luni?) . . . inkululo engunaphakade ngokusihlawulela.

¹³⁵ Yintoni igama u “naphakade” eliyithethayo? KuKristu, emva kokuba sikholiwe... Akukho mntu unako ukubiza uYesu, “Kristu,” kungengaye uMoya oyiNgcwele. Ngoko ke kukho iindidi ezintathu zabantu: abangakholwayo, amakholwa okuzenzisa, namakholwa. Kodwa lawo akholelwa kuBomi obunguNaphakade, angene ezintendelezweni.

¹³⁶ Thabatha umnquba omdala, yayiyintoni into yokuqala ababeyenza? Babengena ezintendelezweni, iNtlanga. Into elandelayo yayisisibingelelo sobhedu, apho babelihlamba khona idini kwisitya sokuhlambela segolide. Okulandelayo yayikukubulawa kwedini ukuze ibe kukufefwa kwegazi phezu kwesibingelelo. Ngoko, kanye ngonyaka, u-Aron wayethanjiswa (ngantoni?) ngesiqholo somfiyo waseSharon, nge-oli exabisekileyo eyayinesiqholo kuyo, babeyigalela phezu kwentloko yakhe, ihle iyokuma ezantsi emiqukumbeleni yezambatho zakhe. Khangela indlela le ndoda ekwakufanele ingene ngayo emva kwaloo mkhusane, kanye ngonyaka iphetha phambi kwayo igazi leSihlalo seNceba. Kwaye yayithatha intonga ingene nayo kanye ngonyaka ize ilibale. Bathi bakungena emva kwayo, yabe seyigqibile ukuba namanquma nokudubula. Intonga endala awayeyiphatha mhlawumbi isithuba samashumi amane eminyaka entlango, wayibeka kuloo Ndawo iNgcwele! Khangela, bathi bakuthabatha elo gazi lomnqophiso, igazi, wayethanjisiwe. Kwaye wayenxibe iingubo ezinezaantsimbi zikhenkcezayo zincinane kuzo, irharnathi nentsimbi. Kwaye loo ndoda kwakumele ihambe ngendlela apha yokuba ngalo lonke ixesha ishukumisa umlenze wayo, ishukume *ngolu hlobo* ize yenze inyathelo, zazikhala u “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi. Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi. Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi.” Owu, bethu!

¹³⁷ Ndithetha ngantoni? Niyayiva, Mnquba kaBranham! Nibe nalo ithuba lenu. Xa indoda ithe yathanjiswa kwaba kanye ngoMoya oyiNgcwele, ukuze ibangwe ingeniswe kusapho lukaThixo, ukuze ibekwe ngokwendawo yayo nguYise, ihlaliswe kwinkonzo ethile apha phandle, kwinjongo yayo ebomini, okanye into uThixo awayibizela yona, ihambo yayo imelwe ukuba ibe ngu “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi. Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele!”

“Owu, ufanelwe kukuba ujikele *koku* ube . . .”

“Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi.”

Owu, umelwe ukuba ukholwe yonke into ethethwe ngula mdala, *le*.”

¹³⁸ “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi.” Mayibe liLizwi laKhe kuqala, Lona malibe yinto yonke ekhoyo, litshone, lizinze ngaphakathi entliziyweni yakho! Ukuhamba kwakho makube seLizwini. “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi.”

¹³⁹ “Owu, ukuba nje ungeza ngapha Ndiyakuxelela into esiyakuyenza, siyakuzenza umbutho, sikufake kumbutho wethu, uyakuba yindoda ebalulekileyo.”

140 “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi. Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi,” ukuqhubela phambili. Kungenzi mahluko ukuba ubani uthini na!

141 “Wabize abuye laa makhasethi! Yenza *oku*, yenza *oku*, yenza *okuya*, yenza *okunye*.”

142 “Iyingcwele, iyingcwele, iyingcwele, iNkosi.” Amehlo uwabhekise ngqo eKalvari, kwaye akukho nto iyakukumisa! Kwa ukuhamba kobomi bakho, uhamba usihla ngoMgaqo ophakamileyo woKumkani, uthanjiswe ngentambiso engcwele ye-Oli, uqhubela phambili ukuya kwiNgcwele kaNgcwele. Whowu! Amen. Kulungile.

143 UPawulos wathi wayengazange akufumane mntwini Oku. Ngoku kuthetha ntoni? Phaya kumaGalati, isifundo sethu. “Esazisile imfihlelo yokuthanda kwaKhe.” Yintoni intando yaKhe? “Wazazisa iimfihlelo zentando yaKhe.” Uyazi ukuba loo nto ithabatha, ivesi ye-9. Ngoku ndizakungxama ukukhawuleza kakhulu ndikhuphe oku, kuba siphelelwa lixesha.

144 Owu, lonke iLizwi likokunjani...?.Owu, iLizwi ngalinye libubunzulu. UngaLithatha nje uhlale uLigudisa. Ungemba, ndingenza njalo...Ungathabatha libe linye laMazwi apha, ulithathe ulise ngaphaya kwiGenesis uligudise, ulithathe ulise ngaphaya kwi-Eksodus uze uligudise kwakhona, ungalithabatha ulise ngaphaya kwi-Levitikus uze ulipolishe kwakhona, ukuze ngexesha ufikelela kwiSityhilelo, Lithi ndawonganye ibe nguYesu! Amen. Ungathabatha nje uligudise kangangoko ufunayo, liyakuba nguYesu xa uthe wafika—xa uthe wafika kwiSityhilelo. Kuba, Wathi, “NdinguLowo Wayekho, Ukhoyo, UyaKuza. NdiyiNgcambu neNzala kaDavide, iKhwezi lokuSa. Ndingu Alfa no-Omega.” Oko kuthetha u-A ukuya ku-Z. NDINGUYE! NdikuKo konke.” Injalo loo nto. “NdinguLowo wayesidla ubomi wayefile, kwaye ndiphila ngonaphakade. Ndinazo izitshixo zokufa nezelabafileyo.” Owu, bethu! Yonke inzulu othi uyichole apha uqalise ukuyigudisa, iyakugudiseka iye kungena kuYesu.

145 Ngoku, kusemva kwexesha kancinane ukuze si—si—si, sipheze. Ewe. Silindele ntoni, ngoko? Uzele ntoni apha enkonzweni? Yintoni injongo yakho? Lincwinela ntoni ihlabathi? Yintoni esijingela yona phaya ngaphesheya isiqhumbisi se-atom, zintoni amasuntsu ajikeleza emoyeni nee-atom? Kwaye, owu, konke oku kumalunga nantoni?

146 Tyhila, kumaRoma, ese-8, umzuzu nje. Lilindele ntoni? Kulindele ntoni konke oku? Lithini ixesha? KumaRoma, isahluko se-8, masiqale sifunde malunga ne, owu, ndingathi isibho...Masiqale malunga netho...ivesi ye-19, ukuze nje—nje sifunde kanye apho ukwenzela oku, sikwenze kube

mnandi ngenene. Kunjalo. Ndiyazi ukuba uyaphi na apho. Kulungile. KumaRoma, isahluko se-8, ndiyakholwa ukuba ndiyichanile ngoku. Ewe, mhlekazi. Isahluko se-8, kwaye masiqale apha malunga nevesi ye-18. Masiqale kumqolo we-14.

Kuba bonke abakhokelwa nguMoya kaThixo, bangoo . . .nyana bakaThixo abo. Injalo loo nto.

Kuba anamkelanga moya wabukhoboka, ukuba nibuye noyike; . . .

¹⁴⁷ “Owu, ingaba mhlawumbi ndingabambeleva. Owu, ukuba nje ndinganokubambeleva ngoku!” Musa ukubambeleva kwanto! Asikokuba ndingabambeleva na, kukuba Yena angabambeleva na. NdikuYe ngoku, ’yabona.

¹⁴⁸ Ke, uthi, “Ke, ukuba ndikuYe!” Ngoku nina—nina maPresbhithari nithi, “Ah, sahlala sikukholelwa Oko” kodwa ubomi benu bubonisa ukuba aninjalo, ngaphandle kokuba nihambe uhlobo lobomi Awaluhambayo, nikholelwa kwa iVangeli enye Awayishumayelayo.

¹⁴⁹ Nithi, “Aha,” amaBhaptizi athi, “ngokuqinisekileyo, ndiyakholwa kukhuseleko lwaNaphakade.” Nize niphume apha phandle nitshaye isaga nibaleke niye emidanisweni, baze abafazi bachebe iinwele zabo, baqabe ubuso babo benze njengantoni na nje? Iziqhamo zenu zizo eziqondakalisa ukuba aniLukholwa.

Xa ndithi, “Niyakholwa kwiMpiliso eNgcwele?”

“Owu, uGqirha Jones wathi *kwakunjalo*, loo nto yayiyeentsuku zakudala.”

¹⁵⁰ Ngoku, mhanahanisindini! Yintoni undonakele kuwe? Mntwanandini ulusizi ukhohlisiweyo. Ukude lee kuneVangeli ngokokude kube lusizi. Ukhutshwe ecaleni kwindlela ethile enodaka kwindawo yokulahla inkunkuma evuthayo. Awuboni ukuba nantsi into Awayithethayo? Ukuba, wonke umoya omvumayo ukuba uYesu akezanga esenyameni khona ngoku, ungowomoya ombi. IBhayibhile ithe uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Into Awayithetha ngoku, Ukho ngoku, Ukho eyakuhlala enjalo. Phulaphula nje.

Kuba anamkelanga moya wabukhoboka ukuba nibuye noyike; namkele uMoya wo- . . . [Ibandla lithi, “kwenziwa oonyana”—Mhl.]

¹⁵¹ Ngoku, emva kokuba wenziwe unyana, kulungile, emva kokuba wenziwe unyana. Ubekwa ngendawo, ngoko uyaqonda, emva kokuba itheko lithe lenziwa waze waba ubekwe ngokuchanekileyo eMzimbeni. Ungunyana, ngokuqinisekileyo, intombi, xa uzalwa ngokutsha uyiloo nto, luzalo lwakho olo. Kodwa ngoku ubekwa ngendawo yakho.

Asamkelanga *moya* wabugwala; *kodwa samkele uMoya wokwenziwa oonyana, esidanduluka ngawo sithi, Abba, Bawo*. Oko kuthetha ukuthi, “Thixo wam.” Kulungile.

UMoya ngokwakhe ungqinelana noMoya wethu, ukuba—ukuba singabantwana bakaThixo:

¹⁵² Uyenza ntoni loo nto? Uthi, “Uzuko kuThixo! Haleluya! Ayindihluphi, ndingumntwana kaThixo,” uze uphume wenze ezi zinto uzenzayo? UMoya kaThixo uyakwenza imisebenzi kaThixo.

¹⁵³ UYesu wathi, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye yena.” ‘Yabona?’ ‘Yabona?’

¹⁵⁴ Ukuba—ukuba—ukuba—ukuba lo mdiliya uthe waphuma waza wavelisa isicumba seediliya, ukuze olandelayo uphume uvelise isicumba samathanga, kukho into ephosakeleyo. ‘Yabona?’ Libandla elixonyezelelweyo, ngumdiliya oxonyezelelweyo, ngumntu oxonyezelelweyo. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini amaxa amashumi mabini—Mhl.] Ukuba umntu onehlelo elithile, ungowemvaba ethile aze azibize ngokuba unguMkristu, abe engenaye uMoya oyiNgcwele naMandla kaThixo nazo zonke ezi zinto . . .

¹⁵⁵ Ngoku ukuba uphuma apha wenze njengeqela laba banxilileyo, ngenxa nje yokuba uthetha ngeelwimi. Ndakhe ndazibona iidemoni zithetha ngeelwimi. Ewe, mhlekazi. Ndakhe ndazibona zixhentsa zikumoya, zikhwaze zigebuze amagwebu emlonyeni, nayo yonke enye into, nako konke oko. Ndake ndakubona oko. Ndiya . . . Andithethi ngaloo nto. Ndithetha ngoMoya kaThixo.

UMoya ngokwake ungqinelana nomoya wethu, ukuba si . . . ngabantwana bakaThixo:

Ukuba ke singabantwana, sikwaziindlalifa; iindlalifa zikaThixo, . . . iindlalifa ke kunye noKristu; ukuba okunene . . . siva ubunzima kunye naye, ukuze sizukiswe nokuzukiswa kunye naye.

Kuba ndigqiba kwelithi intlungu . . .

¹⁵⁶ Phulaphula nje koku. Owu, ukuba akumnandanga oku!

Kuba ndigqiba kwelithi intlungu zeli xesha lakaloku nje azinakulinganiswa nobuqaqawuli obu buzakutyhilwa kuthi. Phakathi kuthi!

Kuba ukulangazelela kwendalo kulinde . . .

¹⁵⁷ Iyibiza apha, inegama elincinane—igama elincinane apho, ukufunda kwindawo encinane esecaleni, “indalo” linjalo, kwisiGrike.

. . . ukulindela kwendalo, indalo ilindele ukubonakalaliswa koonyana bakaThixo.

158 Ilindele ntoni yonke into? Ilindele ntoni yonke indalo? Ukubonakalaliswa koonyana bakaThixo. Ilindele iBandla ukuba libe kwindawo yalo. Yayingubani unyana kaThixo, ngethuba u-Adam, babuphi ubukumkani bakhe? Lihlabathi, yena—yena wayenobukumkani emhlabeni. Ingaba kunjalo? Wayengenguye u-Elah, Elohim, ngoko, WayenguYehova. 'Yabona? Oko kukuthi, "NdinguThixo, kwaye ndenze angabangeneno kwaM." Kwaye Ndabanika ubukumkani. Kwaye ebukumkanini babo, ubukumkani obuphantsi kwabo, ngumhlaba." Umntu wayenobukumkani phezu komhlaba. Kwaye yonke indalo ilindele oonyana bakaThixo ukuba babonakalaliswe.

Sikhangele ukuza kolo suku lophumlo
lweminyaka eliwaka,
Xa iNkosi yethu ezukile iyakuza ithabathe
imke noMtshakazi waYo;
Owu, umhlaba uyancwina, ukhalela loo mini
yokukhulwa okumnandi,
Xa uMsindisi wethu ayakubuyela emhlabeni
kwakhona.

159 Ingaba kunjalo? Silindele. UThixo uzama ukubeka ibandla laKhe endaweni, ukuze aZibonakalise, afumane lowo Anokusebenza ngaye ngolu hlobo, athi, "Nanko uMoya waM uphepheza ngokukhululekileyo. Nguwo Lowo. Lowo, Lowo, Ndi—Ndinokusebenza apha." Ndifumane omnye ngaphaya ndimbeke ngendawo, "ndinokumbeka." Ukwenziwa oonyana, ukubekwa, ukubonakalaliswa, ndimkhuphe apha ndibeke itheko phezu kwakhe, ndimtyelele ngeNgelosi, ndimxelele okuthile. Ngoku, ukuba uthethe inyaniso! Ngoku ukuba yinto nje ayenzayo, ayisayi kusebenza. Hayibo, hayibo, leyo—leyo ayiyikusebenza, sibe nokuninzi kwaloo nto. Kodwa ndithetha—kodwa ndithetha ukubonakalaliswa koonyana bakaThixo, xa uThixo eZibonakalisa aze Amthumele aphume. Aze akuhamba, ithi into ayithethayo ibe yiNyaniso. Into ayenzayo yiNyani. Into ayenzayo, ubonakalalisa uKristu. Umqonda njani? Ngendlela ahlala ngayo kunye neLizwi, ngokuchanekileyo kunye neLizwi. 'Yabona, nantso indlela obazi ngayo bonke abantu, kungendlela athi ahlale ngayo neLizwi. "Ukuba abathethi ngokweLizwi, akukho Bomi kubo," itsho iBhayibhile. 'Yabona? Bashiye apho.

160 Ngoku masifunde, ukuze si—sibe nokuma, kuba ixesha lethu liyemka. Kulungile, kwivesi ye-10 okanye ivesi ye-9, gxebe.

*Esazisile imfihlelo yokuthanda kwakhe
ngokwenkolelo yakhe, awayimisayo ngokwakhe,
ebhekise ekuhleleni ayakuhlela ngoko;*

161 Wakugqiba oku ngokwaKhe, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Bangaphi abayiqondayo? 'Yabona?

ukuze akuzaliseka amaxesha . . .

162 Owu, bethu, naku siyifumana kwakhona! Heh! Owu, kulungile, ma—ma—masiyidlule nje, 'yabona.

. . . akuzaliseka amaxesha . . .

163 Niyakholwa kwizigaba zamaxesha? IBhayibhile yatsho “ngesigaba sokuzaliseka kwexesha.” Yintoni ukuzaliseka kwexesha? Sasikho isigaba sexesha soku, kulungile, sasikho isigaba sexesha soMthetho kaMosisi. Kwakukho isigaba sexesha sika—sika—sikaYohane umBhaptizi. Sasikho isigaba sexesha sikaKristu. Sasikho isigaba sexesha seabndla lombutho. Sasikho isigaba sexesha sokuthululwa koMoya oyiNgcwele. Ngoku sisigaba sokwenziwa oonyana, into elindelwe lihlabathi, lincwina. “Kwaye kwakufika ukuzaliseka kwexesha, xa isisigaba sokuzaliseka kwexesha.” Yintoni oko kuzaliseka kwexesha.” Xa abafileyo bevuka, xa ukugula kupheza, xa i. . . xa wonke umhlaba upheza ukuncwina. “Ukuzaliseka kwesigaba sexesha.” Khangela koku.

Akuzaliseka amaxesha, ukuba azihlanganisele zonke izinto kuye uKristu, . . .

164 Anivuyi? Uyakuyenza njani Yena loo nto? Ukuhlanganisela izinto zonke kuBani? [Ibandla lithi, “KuKristu.”—Mhl.] Ungena njani kuKristu? [“NgaMoya mnye.”] NgaMoya mnye sabhaptizelwa sonke ku [“Mzimba omnye”] [“Mzimbeni Mnye”] Mzimbeni mnye. Kwaye loo Mzimba nguMzimba kaBani? [“kaKristu.”] osele ugwetyiwe. [“Amen.”] Wathabatha umgwebo wethu. Ngoko siyintoni thina? “Xa ndibona [“iGazi.”] iGazi, ndiyakudlula kuni.” Ngalo lonke ixesha Ekhangela kuloo Mzimba, nguwo Lowo uhleli apho, usopha igazi. Ndilapho kanjani? NgoMoya oyiNgcwele. Uyedlula. Owu, bethu!

Size sakuzaliseka isigaba sexesha, ukuba azihlanganisele zonke izinto . . . zonke kuKristu, ezisemazulwini, . . .

165 Ngoku ukuba ufuna ukuthetha ngegama, sizakuqalisa ngalo khona ngoku umzuzwana. Lonke usapho lwaseMazulwini libizwa ngantoni? [Ibandla lithi “ngoYesu Kristu.”—Mhl.] Lonke usapho olusemhlabeni lubizwa ngantoni? [“NgoYesu Kristu.”]

166 Kukho abafazi abalungileyo apha, abalungileyo, azizityebi, inenekazi lenene, amanenekazi. Mnye uNkosk. Branham, uNkosk. uWilliam Branham, yinkosikazi yam. Ugoduka nam. 'Yabona, abanye aba kuni nihamba nabayeni benu.

167 Linye iBandla elikhulu eliphilileyo likaThixo ophilileyo, Lithwele iGama laKhe, Lizaliswe nguMoya waKhe. Kunjalo. Andithethi. . .

168 Andiyigwebi imisebenzi elungileyo, andizigwebi izibhedlele zabo nezinto ezilungileyo abazenzayo. Ndinga ukuba kuyamangalisa oko, kwaye uThixo uyawasikelela amahlwempu, uluntu oluhluphekayo. Andizigwebi zonke ezinye izinto ezi bazenzayo. Kulungile, zilungile nje. Kwaye imibutho yabo emikhulu nezigidi zeedola, ngokuqinisekileyo ndingathanda ukubona zona kunokubona izindlu zokuthengisa iziyobisi ezisekoneni, nangaliphi na ixesha. Ngokuqinisekileyo ndiyabahlonipha njengabalungiseleli abama epulpithini.

169 Kodwa xa kusiza ekuhlanganiselweni ndawonye ekupheleni kwesigaba sexesha, liyakube lilindele ukubonakalaliswa koonyana bakaThixo, kweso siga- . . . ukuze Abe nokuzihlanganisela ndawonye zonke, zonke ezithe zangeniswa kuKristu. Yintoni uKristu? Bangaphi . . . Singena kanjani kuYe? I Korinte 12, “Sabhaptizelwa ngaMoya mnye Mzimbeni mnye, onguMzimba kaKristu, senziwa iindlalifa saso sonke isipho nayo yonke into elungileyo Anayo.” Ingaba kunjalo? “Kwaye umhlaba wonke uyancwina, uyalila, ulindele ukubonakalaliswa kwaxa uKristu neBandla laKhe beyakumanyana.

ukuze . . . akuzaliseka amaxesha . . . azihlanganisele komnye . . . zonke izinto kuKristu, ezisemazulwini kwanezisemhlabeni; ewe kuye; . . . emhlabeni; ewe kuye;

kuye lo . . . sithe sikuye sadla ilifa, . . .

170 Owu, Mzalwana Neville, ndixolele ngokuthatha eli thuba. Ndi . . . ela lizwi, “ukudla ilifa.” Owu-owu-owu-owu! Owu, kunyanzelekile! Owu-owu-owu-owu! Ndiyazi ukuba U . . . NguMzalwana ongowakuthi. Andithi . . . ndiyathemba ukuba andiphambananga. Ndi—ndi—ndinje . . . andicingi ukuba ndinjalo. Kodwa, owu, bethu! Intoni? “Ilifa.” Sifumene ilifa. Kubekho umntu ekumelwe ukuba asishiyele okuthile. UThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wanishiyela okuthile. Igama libhalwe eNcwadini, ukuba xa iMvana iyakuxhelwa niyakuqatshelwa kunye naYo. Owu! Masikushiye oko okwangokuhlwanje. Masifunde nje kancinane. Bethu, bethu! Sinokuze sifike njani kwivesi ye-3 ngokuhlwanje, okanye isahluko se-3? Asinazo nezine okanye ezintlanu iivesi kulento. Ngoku silungiselela ukuvala, nangona, ndizakunyanzeleka ukuba ndiyifunde ndiyiyeke.

Kuye lo sithe sikuye sadla ilifa . . .

171 Yintoni? Silifumana njani eli lifa lilapha? Salifumana njani? Ngokuba sahamba ngokuthe ngqo? Silifumana njani eli lifa? Ngokuba sasimiselwe ngenxa engaphambili. Amen. Whowu! Bazalwana bam bama-Armenia, ndiyazi ukuba oko kulukhuni ngenene. Andizimisele kwenzakalisa, kodwa oku kuyandivuyisa nje ukuyazi into yokuba . . . ni—ni—ninalo,

unalo, mzalwana, kulungile. Awuliboni nje. Unalo kwangendlela enye. 'Yabona? Usele ulungile, 'yabona, usele ulungile. 'Yabona? Kodwa, owu, kodwa kumnandi ngolona hlobo ukukhangela kulo. Ewe. Kanye njengento ibithethwa nguMzalwana uNeville malunga nesitrato esinophahla, "Nizifumanele inqwanqwa lokukhwela ujikeleze ubone ukuba yintoni na onayo." Ewe, mhlekazi. Yiloo nto ekufana nayo Oku. UMoya oyiNgcwele kaThixo linqwanqwa lokukhwela lethu ukuze asixelele esinako. 'Yabona?

¹⁷² 'Yabona, ilifa. Owu, bethu! "Iluhlobo..." Iluhlobo luni lwelifa?

*...simisiwe ngenxa engaphambili ngengqibo
yosenza zonke ezo zinto ngokwecebo lokuthanda
kwakhe:*

¹⁷³ Ngethuba Waye...ngaphambi kokuba Abe nguTata, ngaphambi kokuba Abe waba nguThixo, ngaphambi Abe waba nguMsindisi, ngaphambi kokuba Abe waba nguMphilisi, ngaphambi kwako konke oku, Wamisela ngenxa engaphambili, wabeka iGama leMvana eNcwadini, wakhangelana ngolwazi lwaKhe lwangaphambili waze wabona igama lakho, walibeka apho nalo. Yayiyintoni leyo? Kwaze emva komzuzwana safika ehlabathini, sazalwa ngabazali abanesono; sahamba sajikeleza ehlabathini, uyazi. Into yokuqala uyazi, njengelaa Juda lincinane linempumlo etsolo, uPawulos, uyazi, kwaye—kwaye wayeqhuba, waze, into yokuqala, iNto ethile yathi, "Apha, apha, apha, apha!"

Uthi, "Owu, Abba, Bawo!"

¹⁷⁴ Kwaye apha siyaqala ukuza, 'yabona. Wasimisela ngenxa engaphambili kwilifa lethu elikuYe, elalimisilwe thina ngenxa engaphambili. 'Yabona, salidla ilifa ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. 'Yabona? Owu! Ngenxa yenjongo EyeyaKhe yokusebenza ukuthanda OkukokwaKhe, kunjalo kanye, ukuze abe nguThixo noMsindisi.

Enithe nikuye nani, nakuliva ilizwi lenyaniso, . . .

¹⁷⁵ Kwaye nguBani iNyaniso? UYesu uyiNyaniso, iNyaniso yeVangeli. Eyiphi iVangeli? Inye kuphela iVangeli. KumaGalati 1, uthe, "Nokuba iNgelosi ishumayeke iVangeli eyenye, mayiqalekiswe." Le yiVangeli, iVangeli yosindiso lwenyu; ingeyiyo enye, akukho iyenye. "Akukho—akukho gama limbi linikiweyo phantsi kweZulu eniyakusindiswa ngalo." Koko eGameni lantoni? [Ibandla lithi, "INKosi uYesu Kristu"—Mhl.] Owu, mna!

*...enithe...nakukholwa nokukholwa kuye,
natywinwa...*

¹⁷⁶ Owu, "emva kokuba nikholiwe!" Singathini ukudlula nje kuloo nto, bazalwana? Masiyiyeke nje okwangokuhlwanje,

nithini nina? Owu, bethu! A—Andinakho nje ukuya—ukuya phambilana kunoko. Masiyiyeke okwangokuhlwanje. Andinako nje ukulishiya ela gama “ukutywinwa,” indlela ongena ngayo apho, ’yabona.

¹⁷⁷ Ilifa ngokumiselwa ngenxa engaphambili. Ndidle ilifa okuthile. Ilifa lantoni? Kwafuneka kubekho umntu othile ondishiyela ilifa. Ngoba, uthi, “UYesu wanishiya nelifa.” Andiva? UYesu akazange andishiyele lifa, uYesu akazange akushiyele lifa; Wehla nje wahlawulela ilifa lakho, wakuzisa kwilifa lakho. Kodwa igama lakho lalibekwe eNcwadini yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. NguThixo owakunika ilifa lakho. Ilifa lakho yayililo kuqala. UYesu weza nje. . . Abaninzi, nantsi indlela esizama ukuyenza ibeyiyo, uThixo wathi, “Ke, baninzi abantu abalahlekileyo. Akukho namnye kubo oyakusindiswa, ngoko ndizakuthuma uYesu ehle mhlawumbi Uya. . . umntu oziva enobutyala, aze azi into eNdayenzayo asindiswe.” Owu, yiba nenceba! Bendingeke ndiyiqhube olo hlobo i-ofisi yam, nanjengokuba ndiyiqhuba kakubi ngamaxesha athile. ’Yabona? Be—bendingenakuyenza loo nto. Uthini ke ngoThixo?

¹⁷⁸ UThixo, ngokwazi kwaKhe kwenxa engaphambili, wabona kanye ukuba ngubani na oyakusindiswa nokuba ngubani na ongasayi kusindiswa, Wathumela uYesu ukuze asindise abo Wayesele ebanyulile. Akazange atsho uPawulos, kwiivesi ezintlanu emva kwale, ukuthi, “Wasinyulela kuYe ngaphambi kokuba labakho nokubakho ihlabathi”? Nalo ilifa lethu. UThixo wasinyula, waze wavuma ukuba uYesu eze ahlawule ixabiso. Elalinyintoni? Ukuphalaza kwaKhe iGazi laKhe, ukuze kungabikho sono sinokubalelwa kuthi. Akukho nto uyenzayo. Kodwa ukuba wena. . .

¹⁷⁹ “Lowo wona ngabom emva kokuba ekwamkele ukwazi iNyaniso, akusasele dini.”

¹⁸⁰ Ngoku, kwaye nako apho niyakubela khona kwakhona, nithi, “Uthini ngaloo nto, Mzalwana Branham?”

¹⁸¹ Kodwa khumbula nje, ’yabona, “othe wakwamkela *ukuyazi* iNyaniso.” Abazange bamkele iNyaniso, bamkela nje ulwazi lwaYo. ’Yabona? Akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa benziwa amadlelane ngoMoya oyiNgcwele, bawangcamla amandla eLizwi elihle. Njengaloo makholwa asemideni phaya emva. Abaninzi bandibhalele iincwadi ngaloo nto.

¹⁸² Loo makholwa asemideni ahamba ayakufika apho, uYoshuwa noKhalebhi bawelela kanye ngaphaya. Ngoba? Ngoku sizakubiza oko ngokuba nguMoya oyiNgcwele, ilizwe eliphaya. Naku besiza bephuma *apha*. Okanye *apha* phezulu, sithi *oku* nguMoya oyiNgcwele, babe besemva *phaya*, uyabona. Nako apho likhoyo idinga, *kuphaya*. “Ke, ukuba bangathumela iintlola ezilishumi, ibenye kwisizwe ngasinye,

ukuze sisonke zizwe sibe nokwazi ukuba liyintoni na ilifa lethu, sizakubekwa phi na kwela cala, apho bonke bayakubekwa khona.' Ngoko, ndizakuthumela iintloa."

¹⁸³ Bonke bayakufika apho, "Owu, bethu! Hayi. Sizakubizwa ngokuba singabaqengqeleki abangcwele, ukusukela ngoko ukuya phambili. Hayi, he-eh, asinakuyenza loo nto." 'Yabona?

¹⁸⁴ UYoshuwa noKhalebhi bathi, "Ndizakubona ukuba liluhlobo luni na." Ngoko bawelela ngapha babakhangelela. Bethu, bayakufika baza basika isicumba esikhulu esasizidiliya zabo babuya behla. Bathi, "Mfo, lihle, lihle ngenene! Naku, thabathani ezinye zazo, zimmnandi ngenene!"

¹⁸⁵ "Owu, zimmnandi, kodwa, owu, khangelani kwezo zinkulu. . .Owu, besingenakuba nakho. Simelane nawo onke la mahlelo makhulu, zonke ezo zinto zinkulu? Owu, kubi kakhulu, asinakuba nakuyenza loo nto. Hayi, mhlekazi! Akunamsebenzi nokuba ngubani na, asinako. Hayi, mhlekazi." Baze baqalisa ukuthi, "Owu, masibuyele emva kwimbiza zenyama zaseYiphutha. Ngekungcono ukuba besihleli phaya ezantsi. Asinakukwenza oku, lendlela *inxinwa kakhulu*. Siyazi ukuba asinakuyenza le nto, asinakuyenza leya."

¹⁸⁶ UKhalebhi wakudala wathi, "Zolani, nonke!" UYoshuwa wathi, "Thulani, nonke ngabanye! Mandike ndithethe into."

¹⁸⁷ "Owu, ndilusizi, lusizi, lusizi, asinakuba nako ukuyenza! Owu, sasingekhe. Ke, ukuba ndifanele ukuyeka ipati yamakhasi yam, Mzalwana Branham! Ukuba ndimelwe kukuyeka iinwele zam zikhule zibe njengomfazi omdala, andiyazi nje ukuba ndingenza ntoni na. Ukuba andimelwe kukuthi ndikhulule iibhulukhwe zam ezimfutshane, mna—mna—mna, bethu, ndandingekhe nje, uyazi. Kwaye ukuba kufanele ndiyeke izaga zam, ukuba kwakufanele ndenze loo nto!" Mzekelondini ulusizi wangabom. Ewe. "Andinakuyenza nje loo nto."

¹⁸⁸ UYoshuwa wathi, "Owu, kumnandi. Haleluya! Singalithabatha." Yayiyintoni na? Babekhangele kwizixeko ezikhulu ezazakhelwe iindonga. Babe uYoshuwa noKhalebhi bekhangele kwidinga elenziwa nguThixo. Hlala kunye neLizwi, akunamsebenzi nokuba ungubani na. Hlala kunye neLizwi!

¹⁸⁹ Kuba uPetros uthe, "Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, kuba idinga likuni," (liliphi iLizwe ledinga?) "nakubantwana benu, nabo bonke abakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza."

¹⁹⁰ Musa ukuvuma oku kukwenzakalise ekuvaleni, nceda ungakhe. 'Yabona? Apho nina maPilgrim Holiness namaNazarene, neza nangena kanye kungcwaliso, nahamba kanye apha naya kwindawo apho nathi nadla nokudla idiliya,

naze najika nabuyela emva. 'Yabona okwenzekayo? Nanko undonakele, anizange nihambe niwelele elizweni. Ndibonise uMnazarene abemnye okanye umPilgrim Holiness, okanye nawuphi wabo kwiziseko zanamhlanje, benemvuselelo ezinkulu zempiliso nemiqondiso nemimangaliso isenziwa. Ndibonise abemnye. Nahlala phantsi kunye neYiphutha, nabuyela emva kwimbiza zekonofile. Nema kwaKadesh-baniya. Injalo loo nto.

¹⁹¹ Khangela, kwaye mandininike indawo yenu, kumaHebhere isahluko se-6. "Kuba akunakwenzeka kwabo bakha bakhanyiselwa," nanisazi ngcono. Ukuba anazi, niyazi ngoku. 'Yabona? "Nenziwa amadlelane, nangcamla kwiziphopho zaseZulwini."

¹⁹² Nangcamla, 'yabona. Abantu abaya enkonzweni, baze bahlale bathi, "Uyazi, bona, basenokuba banyanisile. Oko—oko—oko kusenokuba kuyinyani. Kungenzeka ngendlela efanayo, kodwa ndiyakuxelela, mfo, kufuneka ube nokholo oluninzi uze wenze laa nto."

¹⁹³ "Bangcamala kwiziphopho zaseZulwini, baze balibalela iGazi lomnqophiso okwe 'nto engento,' enangwaliswa ngalo."

¹⁹⁴ Njengomshumayeli, umama wakhe uyamthumela. Athi, "Ndinobizo lokuba sisicaka seNkosi."

¹⁹⁵ "Kulungile. Into yokuqala endimelwe kukuyenza kukukhangela ibhunga, sthandwa, ndizakukuthumela kude kwisikolo esithile." Yeyonanto imbi wakhe wayenza. Kunjalo. Bayakukhupha konke kuye oko uThixo azama ukukufaka kuye. Ngoko, ngoku khangela.

¹⁹⁶ "Kuba ukuba sithi sone ngabom, sone ngabom emveni kokubosakwamkelayo ukuyazi iNyaniso, ulwazi. 'Yabona uya eSibhalweni wazi ukuba iBhayibhile ithi Yena isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. 'Yabona loo Nto, lulwazi lweNyaniso. Ukuyibona, siyale, sibalele iGazi lomnqophiso. . ."

¹⁹⁷ Umntu uthi, "Owu, ewe, ndiyakholwa ku—kuThixo." Kulungile, wenza inyathelo lokuqala.

¹⁹⁸ "Ngokuqinisekileyo, ndiyakholwa kungcwaliso." Kulungile, usemdeni, unyuke kanye waza kufika apha ulungele ukwamkela uMoya oyiNgcwele. Kodwa ukhangela ngaphesheya uthi, "A—A—Andazi malunga nokuya. Ukuba kufanele ndenze kanjeya. . .Hayi. Andazi. Uyazi ukuba bababiza ngokuba yintoni abo bantu? Aha, andazi nokuba ndingayenza na loo nto okanye hayi. Hayi, ndiyakholwa ukuba ndiyakuqhubela phambili nje ndijoyine. . .? . . ." 'Yabona? 'Yabona?

¹⁹⁹ Kwaye uyazi ukuba kwenzeka ntoni? Wathi, "Akunakwenzeka kubo ukuba bangene." Bayonile yaphela imini yabo yobabalo. IBhayibhile ithethe ngolo hlobo. Ndiyazi

ukuba oko kungqwabalala, kodwa iBhayibhile ithe, “Bangcamle kwizipho zaseZulwini, balibalela iGazi lomnqophiso ekwathi ngalo. . .”

²⁰⁰ Bathi, “Ndiyakholwa kungcwaliso, obulungileyo, obucocekileyo, ubomi obungwele.”

²⁰¹ Ngokuqinisekileyo, kodwa wena, xa uthe wabona ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ukuze ubhaptizo nazo zonke ezinye ezi izinto eBhayibhileni, ube wenze ntoni? Ulibalele iGazi lomnqophiso owangcwalisa ngalo, njenge “nto engcolileyo.” Yintoni ehlabathini ebikuzisa apho phezulu, ndoda? Yintoni. . .? . . .Yintoni ekugcine ekubeni ungabi ngumoni ophantsi? Yintoni ekhuphe isono ebomini bakho, nokutshaya nokusela, nabafazi nezinto ezinjalo ebomini bakho, ezingamelwanga kuba lapho? Yintoni eyenze oko? LiGazi lomnqophiso! Ukuze unyuke usondele kangangokuba ungcamle kwiidiliya zelineye iLizwe, uze ube neentloni ngeVangeli, woyike ihlelo lakho! UThixo makabe nenceba! Ewe, mhlekazi. “Balibalele iGazi lomnqophiso njenge ‘nto engcolileyo,’ baza benza ngokunxamnye nemisebenzi yobabalo. Akunakwenzeka kulowo ukuze abe nokungena kwelo Lizwe.”

²⁰² Kwenzeke ntoni? Ndiyanibuza. Ngoku, ndingumthelekisi wezinto, kwaye nawuphi na umntu oyaziyo iBhayibhile ingumthelekisi wezinto. Ingaba omnye waloo madoda wakhe walichatha elo lizwe ledinga? Akukho namnye kuwo. Ngubani owaba nakho, ngubani owawelela ngaphaya? Ngabo baya kuqala, baze babuya bathi, “Singalithabatha, singanawo uMoya oyiNgcwele kuba uThixo utshilo! UPetros wathi ngoMhla wePentekoste, ukuba ndi ‘ngaguquka ndibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu,’ ndiyakwamkela uMoya oyiNgcwele, idinga lam. Ndikhuthalele ukuyenza loo nto. Elam, idinga lelam.” Niyayifumana? “Ngoku idinga lelam. Ndiyalamkela, lilelam. Ngokuqinisekileyo lelam.” Nali. Yayingabo kuphela.

²⁰³ “Owu,” uthi, “kodwa, Mzalwana Branham, eluvukweni!” Abasayi kubakho.” “Owu, abangekhe?” Hayi, mhlekazi. UYesu watsho.

²⁰⁴ Bathi, “Kwaye Yena Uzenza mkhulu njengoMosisi, kwaye Wena uthe Wawukho, Wena ‘wambona u-Abraham.” Waze wathi, “no—no—no-Abraham ufile! Ngoba, Awu—Awukabi ngaphezu kwamashumi amahlanu eminyaka, ube Uthe Wambona u-Abraham?”

²⁰⁵ Wathi, “Ngaphambi kokuba u-Abraham abekho NDIKHO.” Owu, bethu! U “NDINGUYE,” ohleli ekho, uThixo onguNaphakade. Hayi izolo, hayi ngomso, “NDINGUYE” ‘yabona? UThixo uhlala ekho, u-Elohim, “NDINGUYE.” Ngoko bamnyusa. . . Babeza kuMbulala ngoko.

²⁰⁶ Bathi, “Kulungile, oobawo bethu badla imana entlango amashumi amane eminyaka. UThixo wanisa izonka zehla

kanye eZulwini wabondla. Bahamba baya enkonzweni kwaye babengamalungu alungileyo enkonzo amashumi amane eminyaka. UMama wam omdala wafela kanye kule nkonzo,” nayo yonke into elolo hlobo. “Oobawo badla imana entlango amashumi amane eminyaka.”

²⁰⁷ Waze uYesu wathi, “Baye bafile bonke ngabanye.” *Ukufa* kuthetha “ukwahlukana ngoNaphakade.” “Bonke ngabanye bafile. Kodwa Ndithi kuni, Mna ndisiSonka soBomi esehla sivela kuThixo siphuma eZulwini. Umntu odla esi Sonka soMoya, unoBomi obunguNaphakade kwaye akanakutshabalala. Kwaye ndiyakuMvusa ngomhla wokugqibela.” Owu, mzalwana, Akamangalisi?

Akamangalisi na Yena, mangalisi, mangalisi?
 Akamangalisi na uYesu iNkosi emangalisayo?
 Amehlo abonile, iindlebe zivile, oko kubhalwe
 eLizwini likaThixo;
 Akamangalisi na uYesu iNkosi emangalisayo?

²⁰⁸ Ingaba kunjalo? Siyakubona ukucalula kwaKhe koMoya kuhamba phakathi kwethu. SiyaMbona esenza imimangaliso nemiqondiso nezimanga. SiyaLiva libhalwe kanye apha eLizwini, siLibone lingqinelwa kanye apha phandle. Owu, bethu!

AmeHlo abonile, iindlebe zivile, oko kubhalwe
 eLizwini likaThixo;
 Akamangalisi na uYesu iNkosi emangalisayo?

²⁰⁹ Ngeminye imizuzu emibini, okanye emithathu kuyakuba kukho amanzi okubhaptiza ayakukhutshwa apha. Kwaye ngoku abo bazakubhaptizwa, abafazi mabaphume *ngapha*, amadoda aphume *kweli* icala. Kwaye ngoku amadoda ngasekunxele kwam, *ngapha* kweli cala. Baze abafazi *kweli*. Kuyakubakho oodade phaya phakathi abanempahla esele zilungile. Kwaye ukuba indoda okanye umfazi olapha kusanje, othe waqonda ukuba uyakholwa kwiLizwi likaThixo, ube ukholwa ukuba uThixo uyaligcina idinga laKhe, lokuba ukuba umntu uyakuthi ngenene aguquke ezonweni zakhe! Ngoku, iGazi alikenzi nto. Hayi, lukholo lwakho nje kuThixo. Kwaye uThixo uyabiza, nje [UMzalwana uBranham uphefumlela embokweni, “Whu, whu, whu.”—Mhl.] ebiza wena. Nako okwenza loo nto ngoku. [“Whu, whu.”] “Andizange ndibhaptizwe” [“Whu, whu.”] “Kulungile, kulungile, ukuba ndingaqalisa nje ukuba ndenze okungekuko.” [“Whu.”] Oko, oko yinto yokuqala, ukuze—ukuze wenze ngokwahlukileyo emva kokuba uqalisile. ‘Yabona? Uyakujika, uqalise, ‘yabona.

Uthi, “Kulungile, a—a—andizange ndiyibone kakuhle ngolo hlobo.”

²¹⁰ Kulungile, mzalwana othandekayo, ndifuna ukuba undibonise iSibhalo sibe sinye apho nawuphi na umntu...

Ndinikezele ngoku isithuba samashumi amathathu ananye eminyaka yolungiselelo kwihlabathi jikelele, ngaphambi kobhishophu nokunjalo, apho umntu omnye wakha wabhaptizwa nangayiphi na indlela ngaphandle kokuba kubeseGameni likaYesu Kristu. Kwaye wonke umntu owayengazange abhaptizwe eGameni likaYesu Kristu. Kwafuneka ukuba eze aphindwe ukubhaptizwa kwakhona kwelo Gama.

²¹¹ UThixo wayeneGama elinye kuphela, kwaye iGama laKhe nguYesu. YayinguNyana waKhe lowo, Wathabatha iGama loNyana waKhe. UThixo! Ngoku, uYesu, umzimba wawungumntu. Siyayazi loo nto. Wona wawunguNyana kaThixo owayegutyungelwe. Ngoku asikholelwa kuhlobo lobunye, abantu abathi uThixo ufana nomnwe wakho. Sikholelwa ukuba kukho ezintathu iimpa...iimpawu zikaThixo. Iimpawu ezintathu zikaThixo, uThixo abonakaliswe kuzo. Kodwa kukho uThixo omnye. 'Yabona? Injalo loo nto. Asikholelwa...Sikholelwa kwi—kwi... Mandiyenze ngolu hlobo, siyakholwa ukuba uThixo wahlala kwizikhundla ezithathu. Wayenezikhundla emhlabeni ngaxesha lithile.

²¹² Ngoku, nina bafazi yiyani *kweli* cala, nize nina madoda niye *kweli* icala, abo balungisayo. Kwaye balungiselela inkonzo yobhaptizo ngoku.

²¹³ Kwaye, ngoku, uThixo wayenezikhundla ezithathu. Esinye sazo sasibizwa ngokuba buBuyise, okanye isigaba sikaYise; esinye sasibizwa ngokuba buBunyana; size esinye sibizwe ngokuba nguMoya oyiNgcwele. Ngoku, namhlanje, yintoni—yintoni isigaba sexesha asebenza kuso uYise namhlanje? [Ibandla lithi, “NguMoya oyiNgcwele.”—Mhl.] NguMoya oyiNgcwele. Wayeyintoni Yena ngemihla eyadlulayo? [“NguYesu.”] NguYesu. Wayeyintoni yena ngemihla engaphambi koko? [“NguYise.”] NguYise. Kodwa yayinguThixo nje omnye kuphela! Ingaba kunjalo? UYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele. Abo bathathu, ezo zikhundla zithathu zikaThixo omnye. UThixo omnye!

²¹⁴ Kodwa ngoku, uYise akalilo igama, ingaba kunjalo? Ndifuna ukunibuza. Ngoku ndifuna ukuninika uMateyu 28:19, apho uYesu wathi, “Hambani ngoko, nizifundise zonke iintlanga, nibabhaptiza eGameni,” (g-a-m-e-n-i) “eGameni loYise...”

²¹⁵ Ngoku ndifuna ukubona ukuba nisazi kangakanani na iSibhalo. Ndixeleleni xa ndiphuma emgceci. Waze Wathi kubo. “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele iNdaba ezilungileyo kuyo yonke indalo. Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa. Lowo ungakholwanga uyakugwetywa. Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo. E’Gameni laM

bayakukhupha iidemoni,” (yinyaniso leyo?) “bayakuthetha ngeelwimi ezintsha, bayakuphatha iinyoka. ‘Ngoku ndizakunicaphulela, uMateyu. . .

²¹⁶ Ngoku phulaphula. Ndicela nawuphi na umntu wezembali. Ngoku oku kusekhasethini, oku kuye kwihlabathi lonke. Ndicela nawuphi na umntu wezembali ukuba eze kum andizisele nasiphi na isicatshulwa seSibhalo, nasiphi na isicatshulwa se. . . okanye hayi seSibhalo, nasiphi na isicatshulwa seSibhalo okanye nayiphi na imbali, nasiphi na isiqendu sembali esakha sabonisa ukuba nawuphi na umProtestanti, awakhe nabani na wabhaptizwa eGameni lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele” lade ibandla lobuKatolika lakumisela kwiBhunga laseNicene. Ngoku oko kusekhasethini, kuya kwihlabathi lonke, kumashumi amathathu anesixhenxe eelwimi ezahlukeneyo okuguqulwa kuzo. Ndiyakuyihlawulela indlela yakho yokunqumla ulwandle. Kunjalo. “UYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele” yimfundiso yobuxoki yobuKatolika, ingelulo ubhaptizo loBukristu. Kunjalo! ULuther waphuma nalo kwibandla lamaKatolika, nekatekizim, uWesley wakuthabatha oko wenyuka. Kodwa lo ngumhla wokubonakalaliswa koonyana bakaThixo, xa iimfihlelo ezazifihlwe ukusukela ekusekweni kwehlabathi ziyakwazisa. Yiyo le loo yure. Ngokuqinisekileyo.

²¹⁷ Khumbula, akuzange kubekho mntu eBhayibhileni wakhe wabhaptizwa egameni lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Isithuba samakhulu amathathu eminyaka emva kokufa kompostile wokugqibela, akuzange kubekho wakhe wabhaptizwa eGameni lo “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele.” Babene. . . ndikhe ndazifunda zombini ii*Pre-Nicene Fathers, The Nicene Council*, kwaye ukusukela ngoko benza umbutho woko bakubiza ngokuba “libandla lehlabathi lonke loBukristu” baze benza umbutho ngaloo nto banyanzela wonke umntu angene kulo, lona elo yayilibandla lamaKatolika. Kwa eli gama Katolika lithetha “okwehlabathi lonke,” ibandla lehlabathi lonke loBukristu, ehlabathini jikelele, ibandla elinye lize lizalise ihlabathi. Kwanobu Bukristu, babanyanzela abantu ukuba bangene kulo. Apho bazithabatha khona, bathabathe behlisa uVenus baze baxhoma uMariya. Bathabatha behlisa uPawulos. . . okanye uJupiter, baze baxhoma uPawulos. Isebubuhedeni! Kunjalo. Ibandla lobuKatolika laphuma apho, kwaye emva kwamakhulu amahlanu eminyaka. . .

²¹⁸ Banomdlalo weqonga oqhubekayo ngoku eLouisville, u*Ben Hur*. Bebene *Ten Commandments* kungekudala kwixesha elidlulileyo. Ndingwenela ukuba babe bebenokuthatha omnye wayo, ukuba bebenokuba nakho, oweshumi elinesihlanu lamakhulu eminyaka ezigaba zobumnyama. Ndingwenela ukuba bebenokukufaka. Ishumi elinesihlanu lamakhulu eminyaka yentshutshiso yabahedeni, ngethuba bebenyanzela

wonke umntu baze bababulale, babagwinta, babaxhoma phezulu. Babeke inkabi yenkomo kwelinye icala nenkabi yenkomo kwesinye isandla, baze babenze bancamise umnqamlezo kungenjalo babhekise enye ngapha enye ngaphaya. Ndikhe ndabeka isandla sam, kanye eSwitzerland, emva kwezibonda apho bema khona babanqumla amalwimi bawakhupha baza bababiza ngokuba bangamagqwirha nayo yonke enye into. Loo nto injalo kanye. Injalo!

²¹⁹ Kwaye kwaloo moya mnye ukho namhlanje. Ngumthetho nje kuphela owubambileyo ukuba ume. Linda nje de ufumane inkululeko yawo. IBhayibhile itshilo. Linda nje ude ubonakale into oyiyo, ufumane ithuba lokwenza njalo. Nisenokuwuvotela kwakutshanje, ngako konke endikwaziyo. 'Yabona? Kuyakubanjalo, kuyakufika oko. Akukho ndlela yakukugcina kungezi. Kumelwe kukuthi kuze. Injalo loo nto. Kumelwe kukuza, kuyeza. Ngoko xa kufika, zenikhangele nje. Kodwa, mzalwana, ufuna ukwazi into ibenye, ndiyamazi Lowo ndikholwe kuye. Halleluya! Ndiyamatsha ndibheka phambili. 'Yabona. Nantso ke.

²²⁰ Kukho ithuba apho u—apho umbhali, xa ndaxelela umbhali weBhayibhile iLam-...iLamsa—iLamsa, ngethuba wayekhangela waze wabona laa miqondiso yakudala kaThixo, ichanekile kanye, amachaphazana amathathu amancinane, ndathi, "Zintoni ezo?"

Wathi, "NguThixo ekwiimpawu ezintathu."

Ndathi, "EzinjengoYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele?"

Wandikhangela, wathi, "Uyakholwa kuloo nto?"

Ndaze ndathi, "Ewe, mhlekazi."

²²¹ Wathi, "Ndalubona olwacalulo ngobunye ubusuku, ndacinga ukuba wawungumprofeti weNkosi." Wathi, "UTHixo ayisikelele intliziyo yakho." Wabeka iingalo zakhe ngapha ya kwam, wathi, "Ngoku ndiyazi ukuba kunjalo." Wathi, "Aba bantu baseMelika abayazi nokuyazi ukuba yintoni na." Wathi, "abazi kwanto." Wathi, "Bazama ukuthabatha iNcwadi yaseMpuma benze iNcwadi yaseNtshona ngaYo. Abazazi kwa iBhayibhile zabo." Wathi, "Akukho Gama linikiweyo phantsi kweZulu, akukho Gama limbi, kuba wonke umntu owakhe wabhaptizwa wabhaptizwa eGameni likaYesu Kristu. Akukho nto injengeziqu ezithathu kuThixo omnye." Kwaye nguMzalwana uLamsa, uGqirha Lamsa, umguquli weBhayibhile iLamsa, ongumhlobo osenyongweni ka-Eisenhower nabo bonke abo babalulekileyo bahloniphekileyo behlabathi, nayo yonke enye into, waphosa iingalo zakhe ngaphaya kwam, wathi, "Ngenye imini bayakukudubula ngenxa yaloo nto." Kodwa, wathi, "Khumbula, bonke abo bantu bafela isizathu."

²²² Ndingathanda ukuba njengoPetros omdala ngethuba wayefakwe entolongweni. Kwakukho inkwenkwe encinane apho kwaye yayiphathshuzela. Waze wathi, “Owu, yintoni ingxaki?”

Yathi, “Uyazi ukuba uzakunqunyulwa?”

UPetros wathi, “Ewe.”

Yathi, “Ke, ulungiselela ukufa namhlanje.”

Wathi, “Ewe.”

Yathi, “Ke, ba—ba . . . awoyiki?”

Wathi, “Hayibo.”

Yathi, “Inokuba ungomnye waba bababiza ngokuba ngaMakristu.”

Wathi, “Ewe.”

Yathi, “Kwenzeke ntoni?”

²²³ Waze wayixelela, wahlala phantsi wayixelela ibali. Kwathi lisaqhubeka, wehla wathi, “Kwaye bendisenokukhululeka kusanje. Bendisenokuhamba ndijoyine elinye lamahlelo abo ndize ndiphile, ’yabona. Bendisenokukhululeka. Kodwa ndiqale ukuphuma esangweni lesixeko, ndaza ndabona Ozayo engena. Ndazi ukuba UnguBani na. Ndathi, ‘Nkosi, Uyaphi?’ Wathi, ‘Ndiphindela ekubeni ndibethelelwe kwakhona.’” Wathi, “Ndiyabuya nje kwakhona.”

Khona ngoko bathi, “Ngubani onegama elinguSimon Petros?” Wathi, “Ndimlo!”



UKWENZIWA OONYANA, Isiqendu I Iphepha 1
 Ama-Efese Angqamana NoYoshuwa, inani lekhasethi 60-0515E
 Meyi 15, 1960, Ngorhatya NgeCawe

UKWENZIWA OONYANA, Isiqendu II Iphepha 29
 Oonyana BakaThixo Bebonakalalisiwe, inani lekhasethi 60-0518
 Meyi 18, 1960, Ngorhatya NgoLwesithathu

UKWENZIWA OONYANA, Isiqendu III Iphepha 77
 Indawo KuKristu, inani lekhasethi 60-0522M
 Meyi 22, 1960, Kusasa NgeCawe

UKWENZIWA OONYANA, Isiqendu IV Iphepha 123
 Ukwenziwa Oonyana, inani lekhasethi 60-0522E
 Meyi 22, 1960, Ngorhatya NgeCawe

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham yashunyayelwa ekuqaleni ngesiNgesi kuMnquba kaBranham eJeffersonville, e-Indiana, eMelika. Zonke iinzame zenziwe ukususa ngokuchanekileyo uMyalezo othethiweyo kumakhasethi kazibuthe ukuwuzisa kwiphepha elishicilelweyo, yaze yashicilelwa apha ingafinyezwanga yasasazwa ngabe Voice of God Recordings. Ibhale kwakhona ngowe 2011.

XHOSA

©1998 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
 P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE,
 REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
 P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org